

NAMHLANJE *ESI SIBHALO*

SIZALISEKILE



Nje qhubekani nimile, ukuba niyakuyenza, ngelixa sithobisa iintloko zethu ukwenzela ilizwi lomthandazo.

² Bawo wethu waseZulwini, sinombulelo ngobu busuku ngako oku, elinye ithuba lokuza nokuzisa lena izukileyo, imangalisayo iVangeli kaYesu Kristu. Sibulela Wena ngenxa yokuba Yena usahleli enguye izolo, namhlanje, naphakade. Sibulela Wena ngaba bantu abahlanganisene phandle apha kwixesha lalemozulu ibandayo, kwaye futhi kunye nolangazelelo lwabo olukhulu, bejongile, bekholelwa ukuba into engaphezu kwesiqhelo izakunikezelwa kuthi isuka kuThixo. Siza nela themba, Nkosi, kuwo wonke umhlangano. Sibulela Wena ngeenkonzelo, ubusuku phambi kobugqithileyo, emnqubeni; sibulela Wena ngeenkonzelo apha phezolo, kunye nangenkonzo namhlanje, emnqubeni. Singxamele phambili ngoku oko Uyakusenzela kona ngobu busuku.

³ Bawo, siyayazi ukuba nabani onakho ukushukumisa izandla zakhe angatyhilela amaphepha eBhayibhile ngasemva, kodwa kukho ekuphela Kwakhe Onokuyenza Yona iphile kwaye ibe yeyenene, kwaye lowo nguWe. Kwaye, Bawo, sikhangelwa Wena ukuba wenze oko ngobu busuku. Sisikelele kuyo yonke indlela. Iintliziyo zethu zizele kakhulu luvuyo njengoko sibona ixesha lisondela xana sizakuhlangana Naye, ubuso ngobuso, Lowo simthandileyo kwaye saphilela yena yonke le minyaka.

⁴ Abaninzi abaguquki abatsha, Nkosi, bathe benziwa. Ukuqonda lamkhosi mkhulu, amashumi amane okanye amashumi amahlanu, bazakubhaptizelwa eGameni Lakho, kusasa, ukusuka kwinkonzo yaphezolo. Owu Thixo, nceda qhubekaka, siyathandaza, ide yonke iMbewu kaThixo eyamiselwa ngexa elingaphambili ibe ikubonile uKukhanya kweVangeli, kwaye ithe yeza emhlambini.

⁵ Sicela Wena usizimelise ngobu busuku emva kweLizwi; simfamekise kwizinto zehlabathi, kwaye usenze sibone uYesu. Kwanga kungabakho amava eNtaba yoGuqulelo lwemizimba phakathi kwethu, ngobu busuku, okokuba singaboni mntu kuphela uYesu yedwa. Siyicela eGameni Lakhe, nokwenzela uzuko Lakhe nokungqinela iVangeli Yakhe. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁶ Ndizakujika nje lomboko wokuthetha, okanye le desika, nje kancinane emacaleni, ukuba oko kulungile, ukuze ndibe nokubona macala omabini esihlwele. Ndiyaqikelela

ndingafikisa lemiboko yokuthetha khona apha kakuhle. Kulungile, nje umzuzu.

⁷ Siyabulisa, ukusuka kwelona holo apha ngobu busuku, izihlobo zethu e-Arizona, California, Texas, nokunqumla i-United States, ngendlela yemfonomfono. Oku—oku kuya kwisizwe ngokubanzi, le nkonzongobu busuku, ngendlela yemfonomfono, ke siyathemba ukuba uThixo uyakusisikelela.

⁸ Niyakwazi ukuva, emva ngaphaya e—eholweni ngasekunxele? Kulungile, bazakujonga ngoku imeko yemfonomfono, ukuze babone ukuba iyasebenza kakuhle.

⁹ Ingaba wonke umntu uyavuya ngobu busuku? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yithini, oko kulungile! *Kweli* cala? [“Amen.”] Amen. Ndivuya kakhulu ukubona ukuba nonke nihleli kamnandi.

¹⁰ Kwaye ngoku ngomso ebusuku, ukuba izihlwele ziqhubeka zisanda, Ziyakuxityelelwa ngokuthe ngqo ngemfonomfono. Ikhona ngobu busuku. Ndingcinga abanye babo basezantsi phaya emnqubeni.

¹¹ Kwaye, ngomso kusasa, iinkonzongobu azinakuba semnqubeni, ngokuba i...kuyakubakho umthengisi weentyatyambo phaya ehombisa icawa kusenzelwa umtshato ngomso emva kwemini. Kwaye batshintshela i—iinkonzongobu, kusasa, ziye ebandleni lika Mzalwana uRuddel, omnye wabamanyane nathi, kwaye phezulu e—endleleni ephezulu apha, u-62. Ingaba ibibhengeziwe? [UMzalwana uNeville uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ibibhengeziwe. Kwaye, ukuba iyaphuphumala phezulu phaya, siyakuthabatha ingxenyeni size sithumele omnye umlungiseleli ezantsi kwelikaMzalwana uJunior Jackson, ezantsi eClarksville. Isizathu sinayo kwekaMzalwana uRuddell, isondele apha, kwaye sinakho uku...kwaye sicinge ukuba ningakufumana oko lula kakhulu. Kwaye emva koko siyakuyihoya ngenye indlela. Kwaye qinisekani ukungenisa zonke ezombhaptizo ukwenzela ungomso, kwaye ndiyathemba kuyakubakho elinye ikhulu okanye amabini ongeziweyo kwabo bazakubhaptizwa ngomso. Kwaye ngoku ngomso ebusuku... .

¹² Andizange ndakuthanda ukubhengeza nantoni eniyithethayo ngaphambi kwexesha, kodwa ngobunye ubusuku enkonzweni, okanye ngenye imini, ndifuna ukuthetha kumxholo ka: *Ngubani Lo Melkitsedeki?* Ngokuba, ingu—umxholo endicinga siphila kwixesha xana ezi zityhilelo, ntoleyo ibe ingumbuzo ukwehlela ngesigaba, sika, “Ngubani lo Mfo?” Kwaye ndiyakholwa ukuba uThixo unayo impendulo, waye eNgubani Yena. Abanye bathi, “ububingeleli,” abanye bathi, “ikumkani,” abanye... .Kodwa kufanele kubekho... .

¹³ Oko nje kusekho umbuzo, kufanele kubekho impendulo kula mbuzo, elungileyo. Akunakubakho umbuzo ngaphandle kuqala ibe yimpendulo.

14 Ngoku, siyathemba ukuba uThixo uyakusinika intsikelelo ngobu busuku ephuma eLizwini Lakhe, njengoko siLifunda.

15 Kwaye niye nafanela . . . uBilly undixelele ukuba ndinixelele ukuba ngokuqinisekileyo niye naba nentle intsebenziswano kunye nabantu apha ababekukwinqubo yokumisa iimoto, amapolisa nayo yonke into. Yigcineni njalo; kulungile oko, kakhulu.

16 Siyathemba ukubona ixesha, mhlawumbi kwixesha elikufutshane elizayo, xana mhlawumbi sinokuzisa intente apha esixekweni size siyimise phandle apha kwipaki yebhola, apho sinokuhlala khona ixesha elide, mhlawumbi eyeeveki ezintathu okanye iiveki ezine, imvuselelo, siqhubeka. Kwaye apha asikwazi kwazana omnye nomnye, kwaye ngoko kufuneka sivalelise size sihambe kwakhona. Kodwa ndingathanda ukuza ndize ndihlale uhambo olude, ngelinye ixesha apho ningahlala ukuze kungafuneki sivale ubusuku okanye obubini, kodwa nje ukuhlala nokufundisa, imini nobusuku, imini nobusuku, ukuqhubeka nokuqhebeke. Mhlawumbi umntu othile agoduke atyise iinkukhu, asenge iinkomo, aze abuye kwiveki elandelayo aze aqhubekeke ngenkonzo. Ndi—ndiyakuthanda okuya. Ke iNkosi ibe nani.

17 Ngoku, ngaphambi kokuba ndimke, mhlawumbi ngeCawa kusasa okanye ngoMgqibelo ebusuku, okanye ngelinye ixesha, ngenye yezi nkonzo, ndiyayazi nonke nilindele ukuva uMyalezo kwiNyaniso malunga *Nomtshato Noqhawulo Mtshato*, ntoleyo iyenye yezinkulu iingxaki zomhla. Kwaye ndiqinisekile nje njengokuba ndimile apha, ndiyakholwa ukuba impendulo echanekileyo iseLizwini likaThixo, kwaye ndiyakholwa ukuba oko koko endithembise ukubuyela kona.

18 Kwaye ndifanele, ekwazini, kangangokwazi kwam, ndifuna ukuba nenye inkonzo apha eJeffersonville, ngeCawa yePasika, kwaye siyaku . . . ukwenzela inkonzo yokuphuma kwelanga, kuze emva koko ibe yiCawa yePasika. Ke siyakuyibhengeza kwangaphambili size sizame mhlawumbi ukufumana iholo, ukuba kunokwenzeka, okanye ndaweni ithile, ukwenzela iCawa, mhlawumbi size ngoMgqibelo nangeCawa. Kufanele sibhabhe size kwaye siphume sijike, ngokuba kukufuphi nexesha . . . Kufuneka ndiyihlole, kuqala, kunye noludwe endinalo, kwaye enye yenkqubo yam—yam—yam eCalifornia. Kwaye emva koko, kwamsinya emveni kokuya, kufanele ndehlele e—e-Afrika. Ke gcinani uqhagamshelwano kwaye nisithandazele.

19 Ngoku, ngobu busuku, ndifuna ukuzisa uhoyo lwenu kwinxalenye yeLizwi likaThixo, elifumaneka kwisahluko sesi-4 sikaNgcwele uLuka. Isahluko sesi-4 kunye nomqolo we-16, iyakuqalisa, uYesu ethetha.

. . . *Namhlanje eliLizwi lizalisekile ezindlebeni zenu.*

²⁰ Ngoku sifuna ukutsala, ukusuka kOkuya, isiphetho sokuba linamandla ashukumisayo anjani iLizwi likaThixo! Ngoku, sonke singanako ukuqikelela ubuxhakaxhaka, kodwa ithabatha Amandla ashukumisayo ukuLenza lisebenze.

²¹ Singaqikelela oko ubuxhakaxhaka bukamatshini, imoto, kodwa ngoko ithabatha amandla ashukumisayo ukwenza amavili ahambe ukuyenza isebenze kwaye ishukume.

²² Ngoku, uYesu wayebuyela e—eNazarete, apho Wayekhuliselwe khona. Khona ezantsi eZibhalweni apha, sifumanisa ukuba bathi, “Sivile Wena wenze *oku-no-ku* ngaphaya eKapernahum. Ngoku masikubone Wena uyenza apha kwisizwe Sakho Wena.”

²³ Wathi uYesu, “U—umprofeti akaswele mbeko kungekhona kowabo.” Kwaye, kakade, phaya kulapho ukhuliselwe khona, kwaye apho abantu bakwaziyo. Kwaye phaya Wayene—ne—negama elibi, indawo yokuqala, ngaYe ozelwe enganyise wasemhlabeni. BabeMbiza “umntwana ongumgqakhwe,” awathi uMariya eneneni wamitha ngaphambi kokuba atshate, ngokwasemthethweni, uYosefu. Kodwa, oko akunjalo, siyayazi ayinjalo.

²⁴ Kwaye kwesi Sibhalo, okubangele amehlo am awele phezu koku, yayiyinto eyathi yenzeka nje kungekudala ePhoenix, Arizona. Ibe ingumhla wokugqibela, wenkonzo endandizakuthetha kwiNkomfa yeZizwe ngezizwe yeVangeli Egcwelelo yaMadoda Angoosomashishini.

²⁵ Kwaye kulenkomfa kwakukho umhambeli kuthi, owayengubhishophu wamaKatolika, ntoleyo i—iye “yaseChaldean Rites yebandla i-Apostolic Chatholic; oBalulekileyo uMfu. John S. Stanley, O.S.D.” Ungu “intlokobhishophu yekomkhulu i-United States,” kwibandla leKatolika. *Oku* kwenzeka ibe likhandi lakhe kunye neyakhe—kunye neyakhe idilesi.

²⁶ Kwaye wayengumhambeli kubuKristu baMadoda Angosomashishini, kwaye ndandimbonile phaya, kusuku olungaphambili. Kwaye xana ndandithetha ebusuku ngoMgqibelo, ndiyakholwa yayinguwo, okanye kusasa ngoMgqibelo kwisidlo sakusasa, kwaye nda...Njengoko ndandithetha, waqhubeka endiqaphele. Ndacinga, “La ndoda ngokuqinisekileyo iyaphikisana nayo yonke into endiyitshoyo.” Kwaye, niyazi, unga—ungayibona; ibiyakugcina intloko yayo phezulu-na-sezantsi, kodwa ndandingazi yayiyintoni nje kanye eyayisebenza kuyo.

²⁷ Ke emva kwemini ngeCawa, xana ndaphakamayo ukuya kuthetha, ndandizakuthabatha umxholo wam kwii *Ntlungo Zokuzala*, apho watshoyo uYesu, ukuthi, “Njengomfazi exhalabile ngomntwana,” uxhalaba ekuzaleni. Kwaye ke ndandizakuthetha ukusuka phaya, njenge, *Intlungu Zokuzala*,

isihloko, esithi ihlabathi likwiintlungu zokuzala ngoku. Okudala kufanele kupheliswe, ukuze okutsha kube nokuzalwa; nje ngokufana ne-nembewu ifanele ibole, ukuze inike ubomi obutsha.

²⁸ Kwaye indlela iintlungu, iintlungu zokuqala ezibetha ihlabathi! KwiMfazwe Yokuqala Yehlabathi, labanentlungu enkulu kakhulu, ngokuba babenerhasi etyhefayo, kunye nanjalo njalo, eyaphantse yaba nokutshabalalisa ihlabathi. kwaye kwiMfazwe Yesibini Yehlabathi, labetha enye, intlungu enzima kakhulu; babeneebhombu ezinkulu, kunye kananjalo ibhombu ye atomic. Alinakho ukumelana nanye intlungu yokuzala. Kunye nezintolo-mlilo nezinto namhlanje, enye engaphezulu imfazwe iyakuligibisela ngaphandle kwisithuba, kuba ngoku liyakube lizelwe. Kwaye kuyakubakhona umhlaba omtsha. IBhayibhile ithe uyakubakhona.

²⁹ Phantsi kwakhe wonke uMyalezo womprofeti, uSirayeli wafumana intlungu yokuzala, ngokuba aba baprofeti babeyakuza ekuhleni emveni kokuba izifundiswa zenkolo nabefundisi bayakwenza icawa yonke ibe kwisimo sombutho. Kwaye xana bona abaprofeti besiza ekuhleni kunye no ITSHO INKOSI, bazishukumisa zona iicawa, laza laba nentlungu yokuzala. Ekugqibeleni, laba neentlungu zokuzala ezanyukelayo lade lazala uNyana weVangeli, owayeliLizwi ngokwaLo lenziwe inyama.

³⁰ Ke ibandla ngokwenene likwiintlungu zokuzala ngobu busuku, kwakhona, ukwenzela ukuzalwa koNyana, uNyana kaThixo ukuba eze kwakhona. Zonke izifundiswa zethu zenkolo, zonke iinkqubo zethu, onke amahlelo ethu, athe abola kanye phantsi kwethu. Ke sikwintlungu yokuzala, kwaye uMyalezo osuka kuThixo usoloko ulahlela ibandla kweyona inzima intlungu, kodwa emveni kwethuba lizakuzala uMtshakazi. Oko kuyakuzisa uYesu Kristu kuMtshakazi Wakhe.

³¹ Kwaye, ngoko, ukucinga le ndoda yayingavumelani nam kangako. Xana bendiyakuphakama ukuya kuthetha ngalo Myalezo, ndatyhila iBhayibhile yam, ukufumana iphepha.

³² Kwaye umfazi wam wayesandula kundinika iBhayibhile entsha, yeKrisimesi. IBhayibhile yam endala imalunga neshumi elinesihlanu leminyaka ubudala, kwaye into yayimalunga nokukrazuka ibe ziziqwenga. Amaphepha, lonke ixesha ibiyakuvuleka, ebeyakuphaphatheka. Kwaye, kodwa ndiyayazi nje apho ufumana khona sonke iSibhalo, ke ndafundisisa ngokusondeleyo kulaBhayibhile. Kwaye ndathabatha leyo intsha, ngokuba enye yayikhangeleka dlakadlaka, ukuya nayo ebandleni.

³³ Kwaye xana ndaqalisayo ukutyhila ngaphaya kuNgcwele uYohane, apho iSibhalo safunyanwa khona, ndaqalisa ukufunda isahluko se-16, kwaye umqolo endandiwukhangela

wawungekho phaya. Ke ndacinga, “Akuqhelekanga!” Ndabuyela emva kwakhona; futhi wawungekho phaya.

³⁴ Kwaye uMzalwana uJack Moore, ukusuka eShreveport, Louisiana, umhlobo osenyongweni wam, wayehleli phaya. Ndathi, “Mzalwana uJack, akufumaneki na okuya kuNgcwele uYohane 16?”

Wathi, “Ewe.”

³⁵ Kwaye lompristi womKatolika waphakama esihlalweni sakhe, ukusuka malunga nekhulu labefundisi behleli eqongeni; weza ngapha ngakum, kunye nazo zonke izambatho zakhe nemiwunduzo neminqamlezo, nanjalo njalo, waza wasondela kanye kufutshane kum. Kwaye wathi, “Nyana wam, zinza. UThixo ulungiselela ukushukuma.”

Ndacinga, “Ibhishopu yamaKatolika indixelela okuya?”

Wathi, “Yifunde kule Ncwadi yam.”

³⁶ Kwaye ndafunda iSibhalo kwiNcwadi yakhe, ndaza ndathabatha umxholo wam ndaza ndaqhubeka, ndashumayela intshumayelo yam.

³⁷ Emva koko, xana ndagqibayo, waphakama emveni kokuba ndimkile, waza wathi, “Kukho into enye efanele yenzeke. Emva koko, ibandla kufuneka liphume kwimbhutyulelo elikuyo, okanye thina kufuneka siphume kwimbutyulelo ibandla elikuyo.” Ke, enye okanye engenye.

³⁸ Kwaye ndandisendleleni yam egodukayo, emva ezantsi ukuya eTucson, ngolarhatya. Abantwana babelilela isandwitshi, ndaza ndamisa ukuya kufumana isandwitshi kwindawana encinci. Waza umfazi wam wathi, “Bill, andizange ndaphakuzela kangako ebomini bam, ukubona wena umile phezulu phaya uphuthaphutha kulaBhayibhile.” Wathi, “Khangе ikwenze phakuphaku?”

³⁹ Ndathi, “Hayi.” Ndathi, “Bendiyazi ubuphaya ndaweni ithile. Bebengenalo nje iphepha kuyo. Iprintwe phosakeleyo.”

⁴⁰ Waze wathi, “Ukucinga, ukuba ndikufumanele laBhayibhile! Ikhangeleke ngathi lonke iliso phaya lalikum kanye.”

⁴¹ Ndaze ndathi, “Kuhle, ubungenakukunceda okuya. Ibukukuprintwa okuphosakeleyo eBhayibheleni.” Ndathi, “Abazange nje bafake elaphepha ngaphakathi.”

⁴² Ke, ndagoba ndaza ndajonga kuwo kwakhona, nje ngokugqibeleleyo njengoko yayinokuba njalo; kodwa isahluko se-16 saphela, ingxenye, ingxenye yaso nje malunga nee intshi ezintathu ukusuka ezantsi, ngaphaya kwisahluko se-17 kwelinye icala, yenza into ekwanye. Kwaye, ekubeni iyiBhayibhile entsha, loo maphepha mabini ayencamathelele ngokuqibeleleyo, kwaye

ndandifunda ukusuka kwisahluko se-17 endaweni yese-16. “Ke,” ndathi, “kulungile konke oko. Ingokwesizathu.”

⁴³ Kwaye nje ngokucacileyo njengoko ninakho ukuva naliphi izwi, iZwi leza kum, laza lathi, “Wangena eNazerete, apho Wayekhuliselwe khona; waza waya endlwini yesikhungu, njengokuba yayilisiko Lakhe. Waze umbingeleli waMnika iZibhalo ukuba alese, kwaye Wafunda u-Isaya ama-61. Kwaye xana Wayelesile iZibhalo, Wahlala phantsi; wabuyisela iBhayibhile kumbingeleli, iNcwadi, waza wahlala phantsi. Aze onke amehlo ebandla ondelo kuYe. Kwaye aMazwi axabisekileyo aphuma emlonyeni Wakhe. Waza Wathi, ‘Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.’”

“Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.”

⁴⁴ Sichaneke kanjani iSibhalo! Ukuba uyakuqaphela oku ku-Isaya ama-61:1 ukuya kwisi-2, kulapho iNkosi yethu yayilesa khona, u-Isaya ama-61:1 ukuya kwisi-2. Kodwa embindini womqolo wesi-2 ka Isaya ama-61, Yema. Apho ithi, “UMoya weNkosi uphezu kwaM; ukuba ndishumayele unyaka owamnkelekileyo,” yaza Yema. Kutheni? Enye indawo, ukuzisa umgwebo, yayingabhekiselelanga ekuzeni Kwakhe kokuqala, kodwa uKuza Kwakhe kwesibini. Yabona, yayingabhekiselelanga phaya. Indlela iZibhalo ezingenakwenza mpazamo! Zisoloko zigqibelele. UYesu wema nje apho iSibhalo samayo, kuba oko koko kwakuchanekile kwakufanele kungqinelwe ngomhla Wakhe, ngoku, kokwakuza kokuqala. UKuza kwesibini Uyakuzisa umgwebo phezu komhlaba; kodwa hayi ngela lixa. Wayefanele “ashumayele umnyaka owamnkelekileyo.”

⁴⁵ Qaphela uMesiya emile eqongeni, ukuzazisa Yena ngeLizwi lesithembiso lesa sigaba. Okunjani ukungaqheleki, uMesiya emile phambi kwebandla! Kwaye jonga kulaMazwi axabisekileyo, xana Esithi apha, “Ukushumayela umnyaka owamnkelekileyo.”

⁴⁶ “Umnyaka owamnkelekileyo,” njengoko sonke sisazi, njengabafundi beBhayibhile, yayi “ngumnyaka wentlokomo yenkululeko.” Okokuba, xana onke amakhoboka namabanjwa, njengoko ayenjalo, ethatyathiwe, ebanjiwe; kwaye kwakufuneka anikele ngonyana, ukuhlawula ityala; okanye intombi, ukuhlawula ityala, [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] kwaye babesekuthinjweni. Akukhathaliseki kwakukudala kangakanani besekuthinjweni, okanye kudala kangakanani babefanele bahlale phaya; xana umnyaka ufika, wentlokomo yenkululeko, xana ixilongo lihlokoma, wonke umntu wayenokukhululeka ukuba wayefuna ukuhamba ekhululekile. [Indawo engenanto eteyiphini.] Ukhululekile. Wawungelilo ikhoboka kwakhona.

⁴⁷ Kodwa ukuba wawunqwenela ukuhlala ulikhoboka, ngoko bekufuneka uthatyathelwe ezantsi etempileni, ume ngasesibondeni setempile, kwaye babethabatha inyatyhoba bagqobhoze umngxunya endlebeni yakho, kuze emva koko kufuneka ukhonze lamphathi makhoboka yonke imihla yakho.

⁴⁸ Onjani ukugqibelela umzekelo onguwo weVangeli kaYesu Kristu! Xana Ishunyayelwe, ixesha elamnkelekileyo, kunye nexesha leNtlokomo yenkululeko; nabani, akukhathaliseki ungubani, liyintoni ibala olilo, ongoweliphi ihlelo, kukanganani uye wagobela esonweni, okanye yintoni okungalunganga malunga nawe; ungakhululeka xana usiva ixilongo leVangeli likhala. Ukhululekile!

⁴⁹ Kodwa ukuba uyawala uMyalezo uze ungafuni kuwuba Wona, qaphela, wawugqojozwe indlebe, ngenyatyhoba. Oko kuthetha, ukuthi, okokuba unqumle umga phakathi kobabalo nomgwebo, kwaye akusokuze uyive iVangeli kwakhona. Akusokuze uye mgama. Ufanele ube likhoboka kwinqubo okuyo, yonke imihla yakho, ukuba uyala ukuva umnyaka owamnkelekileyo.

⁵⁰ Ngoku, enye indawo yayo, njengoko benditshilo, ibingadingi kuphendulwa, ngokuba lo Mesiya uzayo, ixesha ngoku, kuxa Ayakuzisa umgwebo.

⁵¹ Ngoku, bangaze basilele njani abo bantu ukubona wayeNgubani Yena? Bayiphosa njani? Inganjalo njani, xana yayenziwe yacaca kangako kwaye yaboniswa? Bakuphosa kanjani ukubona? Xana Yena . . .

⁵² Elinjani iLizwi! Yicinge, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile phambi kwamehlo enu.” Ngubani owayitshoyo? UThixo ngoKwakhe, Ongumtoliki weLizwi elileLakhe Yena Buqu. “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.” UMesiya, Ngokwakhe, emile ebukhoni bebandla kwaye efunda iLizwi eBhayibhileni, ngokubhekiselele kuYe, kwaye ngoko esithi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile,” kwaye futhi basilela ukuLibona.

⁵³ Enjani intlekele okuya okwakuyakuba kuko, kodwa yenzekile. Yenzekile kumaxa amaninzi. Yayinokwenzeka njani? Kakade, njengokuba yenzayo kwamanye amaxesha, ngokukholelwa utoliko lomntu ngeLizwi. Oko kwayibangela. Loo makholwa kuloo mihla, abizwa amakholwa, ayethabatha utoliko loko umbingeleli abekutshilo malunga neSibhalo. Ngoko ke uYesu, engengowazo naziphi izikhundla zabo okanye imibutho, Wayesikiwe kwimanyano yabo.

⁵⁴ Kwaye, ngoko ke, babengenakho ukumbandakanya nabo Yena, ngokuba Waye ehlukile kubo. UMntu kaYesu Kristu waye ahlukile kakhulu ukuba kungabikho mntu unokuphosa ukubona ukuba lowa yayinguNyana kaThixo, ngokuba Yena waye kukwaziswa okugqibeleleyo kweSibhalo esasibhaliwe ngaYe.

55 Leyo yindlela nawuphi umKristu aziwa ngayo, xana ubomi bakhe busazisa kwa eyona ndlela athi umKristu afanele ayenze.

56 Indlela Awayenokuma ngayo phaya kwaye athi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile kanye phambi kwamehlo enu!” Okunjani ukubalaselela, icace kanjani, kwaye noko abo bantu bayiphosa ukuyiqonda. Kutheni? Kungokuba bathabatha utoliko lolunye ucwango lababingeleli ababephulaphula kubo.

57 Kwaye imbali isoloko iziphinda. Kwaye iSibhalo sinentsingiselo entsonkothileyo kuSo, kunye nesityhilelo esintsonkothileyo.

58 Umzekelo, njengoko isitsho eBhayibhileni, ukuba, “EYiphutha Ndambiza unyana waM,” ibhekiselele kuYesu. Jonga emgceni kokuya, kwaye uyakufumanisa, kananjalo ibhekiselele kuYakobi, iSibhalo esikwasinye. UYesu wayenguNyana Wakhe omkhulu. UYakobi wayengunyana Wakhe Awambiza wamkhupha eYiphutha, ntoleyo isalathiso sikaScofield kunye nazo zonke izalathiso ziyatsho, ngokuba eso siSibhalo eyayibhekisa kuso. Ke yayine—nempendulo ephindiweyo; yayinempendulo kuYakobi obizelwa ngaphandle, naku Yesu obizelwa ngaphandle.

59 Kwaye ke injalo namhlanje! Kungokuba sikwingxubakaxaka njengoko sinjalo, kwaye abantu bayasilela ukubona iNyaniso kaThixo, kungokuba kukho okuninzi ukwenziwa ngumntu ukutolikwa kweLizwi likaThixo. UThixo akadingi mntu wokutolika iLizwi Lakhe. Ungumtoliki weLizwi Lakhe Ngokwakhe.

60 Wathi uThixo, ekuqalekeni, “Makubekho ukukhanya,” kwaye kwabakho ukukhanya. Oko akudingi lutoliko.

61 Wathi, “Intombi iyakumitha,” kwaye yayenza. Oko akudingi nalunye utoliko.

62 Xana... Utoliko lukaThixo lweLizwi Lakhe kuxa Alingqinelayo kwaye aliqondakalise Lona ukuba linjalo. Olo lutoliko Lakhe, ngokulenza Lona lenzeke. Kulapho utoliko lukaThixo lululo, kuxa Alenza iLizwi Lakhe lenzeke. Uyalitolika Lona kuwe.

63 Njengokuba ukuba kwakungazange kubekho ukukhanya, waze Wathi, “Makubekho ukukhanya,” kwaze kwabakhona, oko akudingi namnye umntu atolike.

64 Kodwa sifumana ezinziwe ngabantu iinkqubo zixutyaniwe kuLo, kwaye, xana niyenza, ni—niyaLikhupha emgceni. Isoloko ingala ndlela.

65 Kodwa ndicinga ifanele yayibetha kanjani. Yicinge, uMesiya! Kutheni basilela ukuMbona? Ngokuba, kwazona iinkokheli zabo ezazifanele ukumazi Yena, ezazifanele ukuba ziyasazi iSibhalo, ezazifanele zinokuziqonda iZibhalo, bayijongela phantsi leNdoda baze bathi, “Ungumntwana

ongumgqakhwe, i—indawo yokuqala. Asiyi kukukholelwa oKuya.”

⁶⁶ Emveni kweminyaka, besingakukholelwa okuya. Besiyakufela isizathu sokuthi wayengozelwe yintombi uNyana.

⁶⁷ Kwaye ibiyakwenzeke ngenye imini ukuba, kwa ezona zinto esibona uYehova ezenza namhlanje, amadoda kwizigaba ezizayo, ukuba zikhona, ayakufela into esithetha malunga nayo namhlanje. Kuyakufuneka uyenze xana uphawu lwerhamncwa lufika, kwaye akuvumelekanga ukushumayela iVangeli ngale ndlela. Xana imanyano enkulu yamabandla ihlangana, ntoleyo ekulungelelwano kanye ngoku ukwenzela ibandla lehlabathi, kuyakufuneka utywine ubungqina bakho ngobomi bakho, kOku.

⁶⁸ Kufuneka uLikholelwe ngoku. Ukuba abo babingeleli bangavuka, abamgwebayo Yena, bebengayi kumgweba Yena. “Kodwa,” uthi, “ukuba ndandiphaya, ngendandenza *oku-no-ku*.” Kulungile, eso yayingesosigaba sakho. Kodwa, esi sisigaba sakho, eli lixesha.

Uthi, “Ke, ukuba Yena wayelapha!”

⁶⁹ IBhayibhile ithe, “Nguye izolo, namhlanje, naphakade,” okwamnye, ke Yena ulapha. Kodwa, Yena ulapha. Njengehlabathi lithe laphucuka, laba likhulu kakhulu, laza lafunda kakhulu, Yena ulapha kwimo kaMoya, ntoleyo abangenakuyibulala okanye bayigwinte. Yena wafa kwakanye; Akanakufa kwakhona. Kwafuneka enziwe inyama ukuze uThixo abenokubulawa esenyameni, ukwenzela isono. Kodwa ngeli xesha Yena akanakufa; NguMoya oyiNgcwele.

⁷⁰ Ngoku, indlela yokucinga ukuba babenazo ezo izinto ngokuchasene naYe! Enye into, yokuba Ebengayi kujoyina naziphi izikhundla zabo. Ngoko, niyabona, oko kwamenza Yena futhi umntu ombi. Ebengayi kujoyina eyabo—eyabo imibutho, ebengayi kujoyina ububingeleli babo, kwaye Ebengayi kuba nanto yakwenza nayo. Kwaye ngoko, ngaphandle kwako konke okuya, Wazama ukudiliza oko babekwakhile.

⁷¹ Waya etempileni. SiMbiza iNdoda enobulali; Wayenjalo, kodwa amaxesha amaninzi sikuqonda ngokuphosakeleyo buyintoni ubulali.

⁷² WayeyiNdoda yovelwano, kodwa noko siyasilela ngamanye amaxesha ukuqonda yintoni uvelwano. Hayi ukuvelana kobuntu, asilovelwano. Kodwa, *uvelwano* ku “kwenza intando kaThixo.”

⁷³ Wagqitha equleni le—leBhedesayida, isango. Phaya kulele abantu, iindimbane zabo. Iindimbane asilonani lithile. Kodwa phaya kulele iindimbane: iziqhwala, imfama, abakhubazekileyo, ababunileyo. Kwaye Wayenovelwano ebantwini, wasoloko. Kwaye Waya kumntu omnye

awayengesosiqhwala, engeyomfama, engakhubazekanga, okanye engabunanga; mhlawumbi wayenengxaki yedlala, mhlawumbi wayenobulwelwe obucinci obuthile obabungasebenzi. Wayenayo iminyaka engamashumi amathathu anesibhozo. Yayingazukumhlupha, yayingazukumbulala. Wayelele kwisicaba. Waze Wathi, “Uyafuna na ukuphila?”

⁷⁴ Yaze indoda yathi, “Andinamntu wokundifaka emanzini, kodwa ngelixa ndisiza, ke, umntu othile uyehla ngaphambili kum.” Yabona, yayinakho ukuhamba, yayinakho ukubona, yayinakho ukujikeleza, kodwa nje yayityhafile.

⁷⁵ Kwaye uYesu wathi kuyo, “Phakama. Thabatha ibhedi yakho ugoduke.” Kwaye uYesu wabuzwa kokuya, kuba niyakhumbula iSibhalo satsho oku.

⁷⁶ Akumangalisi! Ukuba Ebenokuza eJeffersonville ngobu busuku aze enze isenzo esifana nokuya, bebesaya kuthetha ngaYe.

⁷⁷ Kodwa, khumbulani, Weza kwinto enye, yayiyintando kaThixo. Ngoku, oko kufumaneka kuNgcwele uYohane isi-5:19, niyakuyifumana impendulo. Wathi, “Inene, inene, ndithi kuni, uNyana akanakwenza nto Ngokwakhe; kodwa oko Akubona ekwenza uBawo, wenza oko uNyana.”

⁷⁸ Ngoku, babefanele baye bakwazi oko ukuba kwakukokwenene ukungqinelwa kwesiprofeto sikaMoses, “Kuba iNkosi uThixo wenu uyakuvusa umProfeti ofana nam.”

⁷⁹ Ingaba niqaphele, xana Yena wayibonayo indoda, Wathi. . . UYesu wayazi ukuba ibe ikulemeko iminyaka emininzi. Yabona, ekubeni engumProfeti, Wabona landoda ikula meko; waza wehla waya phaya waza wawanga—wawangawangisa indlela Yakhe phakathi kwabo bantu, etyhudisa kwisihlwele, wade Wayifumana landoda ithile.

⁸⁰ Wagqitha iziqhwala, abakhubazekileyo, abazimfama, nababunileyo, noko iNdoda ezele uvelwano. Kodwa, *uvelwano* ku “kwenza intando kaThixo.”

⁸¹ Ngoku, simfumana Yena, njengoko Ebengasayi kujoyina kunye nabo, Ebengasayi kuba nanto yakwenza kwizikhundla zabo, ngoko Wayengumlahlelwa ngaphandle. Ebengayi kuba nayo nenye. . .

⁸² Ngaphandle koko, Waya etempileni ngenye imini. INdoda yangena ngaphakathi phaya yaza yafumana indlu kaThixo nje malunga nokungcoliseka njengoko injalo namhlanje. Babethenga, bethengisa, betshintshisa imali. Waze Wabhukuqa iitafile zemali; wathabatha iintsontela waziphotha, wabetha abananisi bemali wabakhupha etempileni. Kwaye wajonga kubo ngomsindo, waze wathi, “Kubhaliwe,” haleluya, “Indlu kaBawo waM yindlu yokuthandaza; kwaye niyenze yona umqolomba

wezihange. Kwaye nina, ngezithethe zenu, niyiphange igunya imithetho kaThixo.”

⁸³ Owu, ingaba igquba elinjeya lingakholelwa kuYe? Hayi, mhlekazi. Baye babasemgxobhozweni wehagu kakhulu kubunyhukunyuku bemibutho nobumdaka bomhla, bade baye balukhuni ukoma bubucawa bade babe abanakho ukuva ukungcangazela kwaMandla kaThixo uSomandla. Akumangalisi umfazi omncinci wayenokuchukumisa ingubo Yakhe aze aphiliswe ngaYo; kwaye ijoni elinxilileyo litsicele ebusweni Bakhe lize lingeva mandla! Kuxhomekeka ngendlela oza kuYo ngayo. Kuxhomekeka koko ukhangela kona. Xana usiya ecaweni, kuxhomekeka koko ukhangela kona.

⁸⁴ Ngoku simbonile Yena emile phaya. Akukho ntantabuzo kodwa oko abantu babesele behlukisile, lumkisile... umbingeleli wabalumkisa abantu, “Ngoku Yena uyeza ngapha kwiSabatha ezayo, kwaye, xana Yena esenza, musani ukuphulaphula kuYe. Ngoku, ningaya nize nihlale apha, kodwa sanukuyihoya into Yena ayitshoyo, ngokuba Yena akangoweqela lethu. Ungumlahllelwa ngaphandle. Akanalo ikhadi lobudlelwana. Akanalo nephepha lombutho kuYe. Akanayo nanto efana naleya.”

“Yintoni Yena?”

⁸⁵ “Enye inkwenkwe engumkreqi eyazalelwa ezantsi apha, uzalo lobugqakhwe, kwindlu yomchweli, awathi unina wamkhawula Yena ngaphambi kokuba babetshatile, kwaye bazama ukuyifihla into ngento engaphezulu kwendalo.

⁸⁶ “Siyayazi ukuba, xana uMesiya efika, uyakwehla ngeepaseji zeZulu kwaye aye kumbingeleli omkhulu aze athi, ‘Ndilapha, Khayafa.’” Kodwa siyafumanisa ukuba Akazange ayenze ngalandlela, ngokuba yayingabhalwanga eLizwini ngala ndlela. Yayiyinto eyayisisithethe esenziwe ngumntu esababangela bakholelwe okuya.

⁸⁷ ILizwi latsho ukuba Yena uyakuza nje ngendlela Aza ngayo. Kwaye nankuya Yena emile, efunda iLizwi, kwaye esitsho kubo, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile emehlweni enu.” Kwaye futhi basilela ukumbona Yena okanye ukumqonda Yena, njengoko benzayo kuzo zonke izigaba.

⁸⁸ UNowa wayenokutsho into ekwanye, umhla awangena ngawo emkhombeni laza lavalwa ucango. UMoses wayenokuphakamisa lafestile kumphezulu womkhombe, ajonge phezu kwebandla...Khumbulani, uThixo wavala ucango. Kwaye wayenokuthi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile emehlweni enu,” kodwa kwakusemva kwexesha kubo ngoko. Wayeshumayele amakhulu amabini eminyaka, ukuzama ukubenza bangene emkhombeni awayewakhile, ebaxelela kuba iSibhalo sithe, “ITSHO INKOSI, izakuna,” kodwa balinda

ixesha elide. Kodwa uNowa wayenokutsho oko ngokulula, “Namhlanje, ngalo mhla, iSibhalo sizalisekile.”

⁸⁹ UMoses, ngemini ekwanye eyathi iNtsika yoMlilo yehlela eNtabeni yeSinayi yaza yanika ubungqina kubungqina bakhe, uMoses wayenokuthi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.”

⁹⁰ UMoses, niyayazi, wayeyindoda ebiziweyo kaThixo, umprofeti. Kwaye ngelixa wayebizwa, ekubeni engumprofeti, kwafuneka abe namava angaphezu kwendalo. Ukuze abe ngumprofeti, kwafuneka ahlangane noThixo ubuso ngobuso kwaye athethe naYe. Kwaye enye into, into awayithethayo kwafuneka yenzeke, okanye akukho namnye owayenokumkholelwa.

⁹¹ Ke akukho mntu unelungelo lokuzibiza njalo ade abe uthethe ubuso ngobuso noThixo, kwicala langasemva wentlango ndaweni ithile, apho ahlangene khona noThixo, buqu. Kwaye bonke aba bangenankolo ehlabathini abanakucacisa isuke kuye; wayephaya, uyayazi yenzeka. Wonke umKristu ufanele abe nalamava ngaphambi kokuba batsho nantoni malunga nokuba ngumKristu. Amava angawakho!

⁹² Ndithethe nomtshana wam, ngethuba eligqithileyo, encinci inkwenkwe engumKatolika, eyathi, “Malume uBill, ndisuke kwintsika ndaya kwipali, ndisiya kuyo yonke indawo, ndizama ukufumana into ethile.” Ubusuku emva kobusuku, phambi kokuba lomhlangano uqalise, ebelila. Kwaye ngexesha lasebusuku, ebephupha amaphupha wokungena, ebaleka esiya esiguqweni, apho intshumayelo, nokwenza intlambululo yokuba ebengalungisanga.

⁹³ Ndathi, “Melvin, akukhathaliseki nokuba kuphi uzama ukuya khona, mangaphi amabandla owajoyinileyo, bangaphi oo ‘Aah Mariya,’ obatshiloyo, okanye zingaphi iintsikelelo ozifumeneyo emntwini, ufanele uzalwe ngokutsha ngoMoya kaThixo. Kuphela kwento eyakwenelisa intliziyo yomntu.”

⁹⁴ Yilonto, ndiyayazi banento emele enye, namhlanje, yokuzalwa ngokutsha, nje ukuxhawula izandla nomshumayeli nokubeka igama lakho encwadini. Kodwa, zihlobo, leyo yimfundiso. AsiyoNyaniso yeBhayibhile. Ukuba ibiyakuba yiyo, iZenzo zabaPostile, kwisahluko sesi-2, besinokufundeka ngoluhlobo, “Xana uMhla wePentekoste wazaliseka, umalusi waphuma waza waxhawula izandla nabantu.”

⁹⁵ Kodwa yathi, “Xana uMhla wePentekoste wazaliseka,” ekumiselweni kweBandla, “kwaza isandi sisuka eZulwini njengomoya onamandla ovuthuzayo, waza wazalisa indlu yonke ababehleli kuyo.” Leyo yindlela uMoya oyiNgcwele oweza ngayo kwityeli lokuqala. Leyo yindlela Oza ngayo kusukela ngela xesha. Yena nguThixo, kwaye akaguquki. Ngoku, Iyabakhubekisa abantu.

Bathi, “Oko kwakukokomnye umhla.”

⁹⁶ Ke, Yena usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Lonke ixesha iBandla lakhe lamnkela uMoya oyiNgcwele, Usoloko usiza ngokufanayo nendlela Awenza ngayo kwityeli lokuqala, phantsi komgqaliselo okwamnye, iZenzo 2:38; zange waguquka, awusokuze uguquke.

⁹⁷ Njengomgqaliselo kagqirha ngesigulo. Uyakubhala umgqaliselo ukwenzela isigulo, ugqirha uyayenza. Uze uwuthabathe uwuse kumthengisi mayeza womgunyathi, aze afake iyeza lokuthomalalisa elininzi kulo, alinamandla kakhulu alisokuze likuncede; ukuba ufaka ityhefu eninzi kulo, liyakukubulala. Lifanele libhalwe ngokukagqirha.

⁹⁸ Kwaye umgqaliselo kagqirha wokwamnkela uMoya oyiNgcwele unikezwe kuthi nguGqirha uSimon Petros, ngoMhla wePentekoste. “Ndiyakuninika umgqaliselo. Guqukani, nonke ngabanye, nize nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, naye niyakusamnkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba umgqaliselo ukwabo bakude, nakwabaninzi njengoko iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.” Umgqaliselo kaNaphakade!

⁹⁹ UMoses waba nawo lamava. Wehlela ezantsi elizweni waza waqalisa ukuxelela abantu, “Ndihlange neNtsika yoMlilo. Yayikwityholo elivuthayo. Kwaye Wandixelela ukuba ndinixelele, ‘NDINGUYE ENDINGUYE. Yehla; ndiyakuba nawe. Thabatha intonga esandleni sakho uyiphakamisele phezu kweYiphutha; nantoni oyicelayo, iyakwenzeka.’”

Ke, mhlawumbi omnye umbingeleli wathi, “Ubuvuvu!”

¹⁰⁰ Kodwa xana babona obona buqu boku, thabatha, busenzeka, abazange bakwazi ukuyibamba. Bayazi ukuba wayethunyelwe nguThixo.

¹⁰¹ Ngoko, ukuba uMoses watsho ukuba wabona okuya, waza wangqina kuyo ukuba yiNyaniso, ngoko uThixo ubophelelekile, ukuba oko kuyiNyaniso, ukwalatha nokungqinela ilizwi lalandoda, iNyaniso. Leyo yiNyaniso.

¹⁰² Ukuba uYesu Kristu wema phaya waza wafunda, ngala mhla, “Namhlanje eli Lizwi lizalisekile phambi kwenu,” UThixo ubophelelekile ukwenza ela Lizwi lenzeke.

¹⁰³ Simile apha ngobu busuku kwaye sisitsho, ukuba, “UYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade.” UThixo ubophelelekile ukuqondakalalisa oko ukuba kunjalo, ngokuba LiLizwi Lakhe. Ngoku, yenza into? Ithabatha ukholo, ekukholelweni Lona. Ithabatha ukholo, ukukholelwa iLizwi Lakhe, okokuba LiyiNyaniso.

¹⁰⁴ Qaphela okwenzekayo xana uMoses wakhupha abantwana, nabo bonke abo bamlandelayo. Abo bangazange balandele bahlala eYiphutha. Kodwa abo bamlandelayo uMoses, xana baphumayo kuLwandle oluBomvu baza baphumela entlango,

uThixo wehla phezu kweNtaba yeSinayi. La Ntsika yoMlilo yenza intaba yonke ivuthe, laza iZwi lathetha liphuma phaya, waza uThixo wanikeza imithetho elishumi.

¹⁰⁵ U Moses wayenokuhamba anyukele phaya phambi kwabantu, aze athi, “Namhlanje iSibhalo endithe ndanixelela ngaso, njengomprofeti Wakhe, sizalisekile namhlanje. Ndinixelele ukuba uThixo uhlangene nam, kwaye phezulu phaya kwityholo elivuthayo, kwiNtsika yoMlilo, waza Watsho oku, ‘Ndiya . . . Lona iyakuba ngumqondiso. Uyakubazisa abo bantu kanye emva kulendawo apha kwakhona.’ Kwaye nankuya uThixo, kwiNtsika yoMlilo ekwanye ebendixelele ngayo ukuba Yena ukuyo, ijinga kanye ngaphaya entabeni. Namhlanje esi siprofeto sizalisekile. Nanku Yena ezokungqinela ukuba izinto ebendizithethile ziyiNyaniso.”

¹⁰⁶ UThixo makasinike amadoda angaphezulu afana nokuya, athembekileyo nanyanisekileyo, kwaye axela iNyaniso, okokuba uThixo uSomandla angangqinela ukuba iLizwi Lakhe liseyiNyaniso! Usahleli enguye izolo, naphakade. Kutheni Yena engenakuyenza lonto? Wathembisa ukuyenza.

¹⁰⁷ UYoshuwa angabe watsho into ekwanye, ngomhla awabuyela ngawo eKadesh-bhaneya, apho bahambelayo kangako entlango. Babethandabuza ukuba umhlaba uluhlobo lomhlaba awayethe uThixo uyakuba nguwo. Kodwa uThixo wabaxelela wawulungile, wawubaleka ubisi nobusi. Kwaye uYoshuwa noKhalebhu babengabo bobabini kuphela abalikholelwayo, kwabo abangabanye abalishumi abasalayo. Xana babuyayo, babenobungqina; babenemfumba yediliya yokokuba amadoda amabini anamandla abe nokuyithwala.

¹⁰⁸ UYoshuwa noKhalebhu babenokuma kanye phaya baze bathi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile. Nabu ubungqina bokokuba lilizwe elihle.” Ngokuqinisekileyo. Ngokuba? “Nabo ubungqina bokuba lilizwe elihle. Kuphi apho unokuze ufumane izinto ezinjeya, eYiphutha? Kwakungekho ndawo zinjeya. Kodwa namhlanje esiSibhalo sizalisekile.”

¹⁰⁹ Wayenokutsho into, ekwanye, xana waprofetayo kwaye athi iindonga zeYeriko ziyakudilika emveni kokuba bematshile bajikeleza amatyeli asixhenxe, iintsuku ezisixhenxe, amatyeli asixhenxe ngemini. Kwaye xana bamatshayo bajikeleza ela tyeli lokugqibela, iindonga zadilika. UYoshuwa wayenokuma aze athi, “Namhlanje, uMthetheli Omkhulu wemikhosi yeNkosi ondixeleleyo kwiveki ezigqithileyo ukuba iyakwenzeka ngoluhlobo, namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.” Nakuya kulele iindonga, phantsi emhlabeni. “Yizani, masiye kulithabatha. Lelethu. Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.”

¹¹⁰ Injani ukumangalisa, amadoda kaThixo ayemele izinto ezilungileyo!

¹¹¹ USirayeli, emlanjeni, xana balithimbayo ilizwe, bawelela. Bazakuyenza njani? Yinyanga ka Epreli. Impuphuma zizeza ngokuba ikhephu liyanyibilika, phezulu kwaYuda. Owu, enjani ukubambi injengele ukukhangeleka ngolwahlobo uThixo wayeyiyo, ukuzisa abantu Bakhe phaya, kwinyanga ka Epreli, xana iYordane yayiphezulu emva kunokuba yakhe yanjalo. Ngemanye amaxesha . . .

¹¹² Ndingasuke ndime apha, ukuba bendinexesha, lokuninika nje ingcebiso encinci. Ngelinye ixesha ungabe uhleli phandle phaya unomhlaza, okanye ungabe uhleli unesifo; ucinga, “Kutheni, mna, ekubeni ndingumKristu, ndiyakuba ngale ndlela? Kutheni ndiyakuba ndihleli ngoluhlobo, ukuba ndingumKristu?” Ngamanye amaxesha uThixo uvumela izinto zibe mnyama kakhulu okokuba ungabi nakho ukubona phezulu, emacaleni, okanye nandawoni engenye, aze emva ngoko Uyeza aze akwenzele indlela yokudlula kuyo, ukuze ube nokuthi, “Namhlanje esi Sibhalo siyazalisekiswa, awathi Yena wathembisa ukuyenza.”

¹¹³ Wenza abantwana bamaHebhere baye kanye ezikweni lomlilo. Bathi, “UThixo wethu unakho ukusisindisa kulomlilo ezikweni. Kodwa, nangona kunjalo, asiyi kuqubuda kumfanekiso wakho.” Xana baphumayo phaya, ivumba leziko phezu kwabo. . . kungekho vumba leziko, gxebe, phezu kwabo; babenokuthi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.”

¹¹⁴ Xana uDaniyeli ephuma emhadini weengonyama, wayenokutsho into ekwanye.

¹¹⁵ UYohane umBhaptizi. Emva kwamakhulu amane eminyaka yemfundiso yobucawa, akumangalisi ukuba ibandla lalikwimbutyulelo ngela xesha! Xana wabonakalayo entlango, iYordane, wayenokuma kanye phaya enxwemeni, njengoko wenzayo, aze athi, “Namhlanje esi Sibhalo, u-Isaya ama-40, sizalisekile.”

¹¹⁶ Indlela endingema ngayo apha ndize ndinixelele oko lambingeleli mdala wandixelelayo! Wathi, “Nyana, akuzange wawugqiba laMyalezo.”

Ndathi, “Zinza.”

Wathi, “Uthetha ukuba lamaPentekoste awakuboni okuya?”

Ndathi, “Hayi.”

¹¹⁷ Wathi, “Ndiyayibona.” Kwaye umpristi womKatolika, ngokwakhe! Uh-huh. Wathi, “Kutheni ungaqhubekanga?”

Ndathi, “Zinza.”

Wathi, “Uzuko kuThixo! Ndiyayibona.”

¹¹⁸ Kwaye malunga nela xesha uMoya oyiNgcwele wawela kudade wakhe, ehleli phandle phaya emhlanganweni. Kwaye waphakama, ethetha ngolwimi olungaziwayo, kwaye wanikeza

utoliko lwalonto kanye umpristi nam sasithetha malunga nayo, eqongeni. Ibandla lonke, indawo yonke, yavungama. Yaqhubekela ngaphaya kwinkomfa ka Oral Robert kwiveki ephelileyo, okanye iveki phambi kwephelileyo, kwaye yayinto ekuthethwa ngayo enkomfeni. Indlela awathi lampristi. . . Ehleli phantsi koMoya oyiNgcwele, watyhila phaya ngomfazi, udade wabo ndiyakholwa yayinguye, yoko kwakusenzeka phezulu phaya eqongeni, kwaye watyhila lanto besiyifihla.

¹¹⁹ Iyure esiphila kuyo, namhlanje esi Sibhalo sizalisekile. Namhlanje iZikhanyiso zangokuhlwa zifikile, kwaye siyasilela ukuYibona. Qaphelani.

¹²⁰ Wathi uYohane, “Namhlanje ndi ‘lilizwi elimemeza entlango,’ njengoko watshoyo umprofeti u-Isaya, ‘Yilungiseni indlela yeNkosi.’”

¹²¹ Babengayiqondi. Bathi, “Owu, unguYesu. . . ungu— unguKristu,” gxebe.

¹²² Wathi, “AndingoKristu.” Wathi, “Andifanele ndikhulule izihlangu Zakhe. Kodwa,” wathi, “Umile phakathi kwenu, ndaweni ithile,” kuba wayeqinisekile ukuba Uyakuba phaya. Uyakuba ngomhla wakhe, kuba uThixo wamxelela wayezakwazisa uMesiya.

¹²³ Ngenye imini iNdoda eselula yeza ihamba isehlala phaya, kwaye wabona okufana noKukhanya phezu Kwakhe, umqondiso. Waza wakhwaza, “Nantso iMvana kaThixo! Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile phambi kwenu.” Ngokuqinisekileyo.

¹²⁴ NgalaMhla wePentekoste, indlela uPetros wemayo waza wacaphula iSibhalo sabo, sika Yoweli isi-2:38. Xana, babehleka, abo bantu. Babengenakho ukuthetha ulwimi labo. Babepholoza into engenye. IBhayibhile yathi, “Iilwimi ezabekayo.” *Ukwabeka* kuthetha “olwahlukaneyo” ulwimi, hayi ukutsho into, nje ukupholoza. Ukujikeleza njengegquba labantu abanxilileyo!

¹²⁵ Bonke bathi, “Ke, aba bantu banxilile. Jongani kubo, jongani indlela abenza ngayo, indlela bona abafazi namadoda. Abakho lucwangweni,” latsho iqela lezenkolo lalamhla.

¹²⁶ UPetros waphakama phakathi kwabo, wathi, “Madoda nabazalwana, nani nimiyo eYerusalem, nani bemi kwelakwaYuda, makwezeke kuni ukuba aba abanxilile, njengoko niba banjalo, ekubeni ililixa lesithandathu lemini. Kodwa oku koko kwathethwayo ngomprofeti uYoweli, ‘Kuyakuthi ngemihla yokugqibela, Ndiwuthulule uMoya waM phezulu kwayo yonke inyama.’ Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.” Ngokuqinisekileyo.

¹²⁷ ULuther wayesexesheni ngokuchanekileyo. UWesley wayesexesheni ngokuchanekileyo. IPentekoste yayisexesheni ngokuchanekileyo. Akukho nto iphume kulungelelwano.

128 Ngoku ndicela nigqale isigaba nexesha esiphila kulo ngoku, kunye neLizwi elithenjisiweyo lanamhlanje. Ukuba emva kwezinye izigaba, amadoda ayenokuthi, “namhlanje esi Sibhalo,” “namhlanje esi Sibhalo,” ngoko malunga naphi neSibhalo salomhla? Yintoni ethenjiselwe lomhla? Kuphi apho simi khona? Yeyiphi iyure esiphila kuyo, xana intsimbi yexesha ibetha, intsimbi yexesha lenzululwazi imizuzu emithathu phambi kombindi wobusuku? Ihlabathi liyangcangazela. Ibandla likwibhedi yokonakala. Phaya akukho mntu waziyo kuphi apho bame khona. Leliphi ixesha lemini? Malunga naphi neSibhalo salo mhla? Iimeko zebandla, okanye, iimeko zebandla namhlanje!

129 Ehlabathini, iipolitike, inkqubo yethu yehlabathi, ibole nje njengokuba inokuba njalo. Andingosopolitiki. NdingumKristu. Kodwa, andinanto yakwenza ngokuthetha malunga nezopolitiko, kodwa nje ndifuna ukuthi zibolile macala omabini.

130 Ndavota kwaba kanye, olo yayilolukaKristu; kwafanele ndiphumelele. Umtyholi wavotela ngokuchasene nam, kwaye uKristu wavotela mna; kuxhomekeke yeyiphi indlela endenze ngayo ivoti yam. Ndiyavuya ndayenza kuYe; ihlabathi malitsho elifuna ukukutsho. Ndisakholelwa ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade. Uyakuyibonakalisa. Ngokuqinisekileyo uyakuyenza. Ngokuqinisekileyo.

Ukwanda kolwaphulomthetho, ubunjubaqa babantwana!

131 Khangela kwisizwe sethu, esakhe sayintyantyambo yomhlaba, olukhulu ulawulo lwentando yesininzi lwethu lwenziwa emva phaya ku—ku... kudandalaziso lwenkululeko, kwaye udandalaziso lwenkululeko lwatyikitywa, saza saba nolawulo lwentando yesininzi, kwaye abakhulu oobawomkhulu bethu, kunye nezinto abazenzayo, sibenesizwe esikhulu.

132 Kodwa ngoku siyabola, kwaye siyaphihlika, kwaye siyangcangazela, kwaye siyanikezela. Kwaye sizama ukurhafisa abantu, ukuze sifumane imali sizokuyithumela ngaphaya, ukuze sithenge ubuhlobo kunye neentshaba zaso; ziyigibisela ngasemva ebusweni bethu. Imfazwe enye yehlabathi, imfazwe yesibini yehlabathi, kwaye sisaya kweyesithathu. Ngokuqinisekileyo. Ezopolitiko zibolile, zonakele, zibole ukuya emazantsi. Nje ngokuchanekileyo oko uMateyu ama-24 akutshiloyo ukuba kuyakubanjalo, “Isizwe siyakuvukelana nesizwe, ubukumkani buvukelane nobukumkani.” Zonke ezi zinto ziyakwenzeka. Masigqale oku ngoku. Kulungile.

133 Qaphela enye, ukwanda kuphando lwenzululwazi. Ngoku, ngelinye ixesha, nje i... Utatomkhulu wam waya kubona umakhulu, ngenqwelo yeenkabi. Ngoku yinqwelo-ntaka ijeti, okanye kwa i-orbit ukuya esibhakabhakeni, ukuya kwisithuba esingaphandle. Inkulu... Enjani, ngubani okutshiloyo oku?

UDaniyeli i-12:4, wathi, “Ulwazi luyakwanda kwimihla yokugqibela.” Sibona iyure esiphila kuyo. Qaphela ngoku i—iimeko zehlabathi, imeko yenzululwazi.

¹³⁴ Kwaye qaphela kwakhona, namhlanje, kwinkqubo yethu yemfundo. Ngoku sukuzama ukukuphika oku. Ndinokunqunqiweyo kwamaphephandaba, kufundiswa ezesondo kwawethu amaban-...ezikolweni zethu, zabafundi abasebatsha ukuba babenemiba yezesondo omnye nomnye, ukuze babone ukuba banokuba ngamaqabane ehlabathini. Ewe, mhlekazi.

¹³⁵ Inganjani kubupristi bethu? Ngobu busuku ndifumene isuntswana eliphuma ephepheni. Ngaphaya eLos Angeles, eCalifornia, apho igquba labefundisi, Bhaptizi namaRhabe, abalungiseleli, bazise igquba labathandanayo besisini esinye ngaphakathi kwaye besenza ukuthandana besisini esinye, besithi bebezama ukubazuzela kuThixo. Xana, eso sesinye seziqalekiso zeyure, umSodomi! Kwaye umthetho ude wababamba.

¹³⁶ Ngoku siphi? Inkqubo yethu yonke iye yabola ngaphantsi kwethu. Ndibona ukwanda ekuthandaneni kwabafana ngesini ukunqumleza i-United States kwandile amashumi amabini okanye amashumi amathathu epesenti ngaphezulu kunyaka oqithileyo. Cinga oko, indoda ihlala nendoda, nje ngokuchanekileyo ngokufana nabakwenzayo eSodom.

¹³⁷ Ukwanda kolwaphulomthetho, ubunjubaqa babantwana! Yeyiphi iyure esiphila kuyo? Namhlanje eli Lizwi lesiprofeto lizalisekile.

¹³⁸ Inkolo yehlabathi, ibandla ngokwalo, ibandla, ibandla elibiziweyo lakhutshwa, esilibiza ibandla elibiziweyo lakhutshwa, ibandla lesigaba sokugqibela, isigaba sebandla lePentekoste, liphi? Lise Lawodike, njengoko iSibhalo satshoyo.

¹³⁹ Namhlanje bahlise imivalo. Abafazi babo banxibe ngokungaphelelanga. Amandoda abo a...Yinto embi kakhulu. Abanye babo batshate kathathu okanye amatyeli amane, bewiibhodi zamadikoni, kunye nento yonke engenye. Ayekelele, aze azisa ukonakala, ngokuba baye bahlala kumabhunga baze bathabatha indawo ehlabathini.

¹⁴⁰ Kwaye, namhlanje, banezakhiwo ezingcono, abakhe banazo. Enye indawo, omnye wabo wakha iholo lesakhiwo samashumi amahlanu ezigidi zedola, amashumi amahlanu edola. MaPentekoste! Yayiqhele ukuba sezantsi egopheni, amashumi amabini anesihlanu eminyaka eyagqithayo, ebetha ithamborina. Athi, “Si...”

¹⁴¹ Ngokuba, iSibhalo sathi, kwiSityhilelo isi-3, ukuba wena u “‘Tyebile,’ wathi, ‘Ndityebile. Ndihleli njengekumkanikazi. Andisweli nto.’ Kwaye akwazi ukuba uludwayinge, usizi, ihlwempu, uze, uyimfama, kwaye akuyazi lonto!”

142 Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile emehlweni enu. Amen! *U-Amen* uthetha “makubenjalo.” Andizi ameneli, kodwa ndithetha ndiyakholelwa YiNyaniso. Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.

143 Ibandla lePentekoste likwimeko yeLawodike. Owu, basaxhuma kwaye bakhwaze, baze baqhubeke xana umculo ubetha. Xana umculo uyeka ukubetha, okanye umculo wezaphuselane abanye babo abawudlalayo baze bayibize ubuKristu, kwaye nanini xa oku kuyeka, lonke uzuko lumkile. Ehe.

144 Ukuba ngenene ikukudumisa uThixo, akukho makhwelo aneleyo naneleyo—analeyo amandla ehlabathini okuyimisa. Xana ngenene isuka kuThixo, ayithabathi mculo ukuyibetha. Ithabatha uMoya kaThixo ukwehlela kuyo. Oko koko ikwenzayo.

145 Kwaye kudala baWulibala, ngokuba baye basibalela isipho soMoya oyiNgcwele, “ubungqina bokuqala bokuthetha ngeelwimi.” Kwaye ndiwavile amademoni namagqwirha ethetha ngeelwimi.

146 UMoya oyiNgcwele liLizwi likaThixo kuwe, elizazisayo Lona ngokwamnkela ela Lizwi. Ngaphandle kokuya, ayinakuba nguMoya oyiNgcwele. Ukuba ithi nguMoya oyiNgcwele, ize iphike elinye iLizwi lala Bhayibhile, ayinakuba nguMoya oyiNgcwele. Obo bubungqina bokuba uyakholwa okanye hayi.

147 Qaphela omnye umqondiso omkhulu. AmaYuda akumhlaba wakowawo; isizwe sawo, imali yawo, ilungu kwi United Nations. Banomkhosi ongowabo. Banento yonke. Bakumhlaba wakowawo; ntoleyo, uYesu wathi, “Funda umzekelo kumthi womkhiwane.” Nabaya, kanye emva kwisizwe sabo. Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile, amaYuda kumhlaba wakowawo.

148 Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile, iBandla leSigaba seLawodike.

149 Namhlanje esi Sibhalo, uMateyu ama-24, uzalisekile. Ihlabathi lisekonakaleni, into yonke; isizwe zivukelana nezizwe, iinyikima kwiindawo ezahlukeneyo, izitshingitshane ezinkulu ziyeza, zishukumisa izizwe, nanjalo njalo, iintlekele ezinkulu ndaweni yonke. Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.

150 Ngoku siyafumanisa imeko yehlabathi. Sibona apho ibandla lesiqhelo—lesiqhelo, umbutho, ihlelo, siyabona apho bakhoyo. Siyabona apho izizwe zikhoyo. Kwaye siyabona ukuba namhlanje ezi zithembiso zizalisekile.

151 Ngoku, kodwa kulo mhla kuyakubakho engaphezulu, eyaseBukhosini iMbewu ka Abraham. Leyo yiyo ngqo into Eyakuba yiyo, iyakuba nguMtshakazi waseBukhosini kowaseBukhosini, uNyana wesithembiso. Njengoko ndithethile kubusuku obugqithileyo, ayiyi kuba yimbewu yasendalweni, iyakuba yiMbewu yokomoya. Kuyakubakho uMtshakazi

wokomoya avuke, oyakuba yiMbewu yaseBukhosini yoKholo lobukhosi loNyana ka Abraham waseBukhosini. Kufanele umtshakazi abe sekubonakaleni kwimihla yokugqibela, kwaye ixesha kunye nendawo sisithembiso esinikwe yena uMtshakazi.

¹⁵² Ngokuka Malaki isi-4, iSibhalo, kuyakuvuka uMyalezo oyakushukumisela iintliziyo zabantu kanye emva koobawo abangabapostile kwakhona. Kuyakuvuka omnye ekubonakaleni, emandleni ka Eliya, oyakuvuka ekubonakaleni; indoda yasentlango eyakuphuma, kwaye iyakuba noMyalezo oyakuya ngqo emva eLizwini kwakhona. Leyo yiyure esiphila kuyo.

¹⁵³ Ngoko, gqalani ngoku, ndiyanibuza kule yure, nina bantu apha eJeffersonville. Ngo 1933, uKukhanya okungaphezu kwendalo kwawela phantsi ngaphaya emhlanjeni, ngala mini xana ndandibhaptiza amakhulu amahlanu eGameni likaYesu Kristu, nje malunga nenkwenkwe emashumi mabini ubudala. Yintoni Eyayithethayo, Jeffersonville? Yayiyintoni Yona ezinyaweni zeSpring Street phaya, xana i*Courier Journal*, ndiyakholwa yayiyi *Louisville Herald*, yaba nenkqaku laYo? Yayakutsho ngaphaya kwi Associated Press, yayakutsho eCanada. Ugqirha uLee Vayle wayisika wayikhupha ephepheni, phezulu eCanada, ngo 1933.

¹⁵⁴ Xana ndandibhaptiza owam weshumi elinesixhenxe umntu, phantsi kobu Bungqina; kwaye niyalazi lonke ibali. Kwaye xana ndandimile phaya, ndibhaptiza umntu weshumi elinesixhenxe, uKukhanya kwehlela ezantsi kusuka eZulwini, kukhanyela ezantsi phezu kwaphaya, njengeNkwenkwezi isiwa isuka eZulwini. IZwi lathi, “Njengoko uYohane umBhaptizi wathunyelwa ukwandulela ukuza kokuqala kukaKristu, uMyalezo wakho uyakwandulela uKuza Kwakhe kwesibini, kulo lonke ihlabathi.” Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.

¹⁵⁵ Namhlanje! UThixo uyithembisile. Yintoni eyathi yenzeka? Namhlanje Uye wajikeleza ihlabathi lonke.

¹⁵⁶ Kwaye xana uThixo wehlayo phaya waza watsho okuya, xana ndandiyinkwenkwe encinci, kwityholo elivuthayo, okanye ityholo phezulu phaya, livutha yiNtsika yoMlilo, phezulu apha kwindawo kaWathen e-Utica Pike; ndisikha amanzi emva phaya, ukusuka kula shedi ukuwasa kwindawo yokudidiyela engekho semthethweni, niyayazi inyaniso yayo. Wathi, “Ungaze utshaye, okanye usele, okanye ungcolise umzimba wakho, kuba kukho umsebenzi wokuba uwenze xana umdala.” Ndiyangqina kokuya ekubeni yiNyaniso, okokuba ndaYibona. Kwaye uThixo, njengoko Yena wenzayo ngoMoses, wathetha phandle phambi kwebandla ezantsi ngaphaya, waza wathi, “Lena yiNyaniso.”

Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile phakathi kwethu.

¹⁵⁷ Qaphelani oko Wakutshoyo malunga nokucalula, nendlela ekuyakuba kuko; ekusukeleni ekubekeni izandla phezu kwabo,

ukuya ekwazini imfihlelo yentliziyo. Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile phambi kwawona mehlo enu.

¹⁵⁸ Ezizithembiso ezenziwayo, qaphelani, zonke ezi zithembiso zibe zingqinelwe kwaye zazaliswa nguThixo wesithembiso. Jongani, ijinga eWashington, DC, ngobu busuku, umfanekiso weNgelosi yeNkosi!

¹⁵⁹ Njengoko uGoerge J. Lacy, intloko yongximfizo leminwe yeFBI kunye neencwadi zomthetho zika rhulumente we United States, waYihlola eHouston, Texas, waza wathi, “Esi kuphela kweSiqum esingaphezu kwendalo esakhe safotwa kulo lonke ihlabathi.” Ufanele yena wayazi; ongoyena ungecono okhoyo ehlabathini, ngalo lonto.

¹⁶⁰ Qaphelani, nantsiya Yona ijinga, njengeNyaniso, iNtsika yoMlilo ekwanye eyakhokelela uSirayeli emva ngaphaya entlanga. Iyakhokela namhlanje, uhlobo olukwalunye loMyalezo, ka, “Phumani eYiphutha!”...?...Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile. Niyawazi uMyalezo Awawuthethayo.

¹⁶¹ Khangelani kumbono weTucson, iminyaka emithathu egqithileyo, xana ndandimi phezulu phaya kwindledlana. Xana, iminyaka emihlanu ngaphambili kokuya, Wathi, “Ngemini esa sixeko sifaka ipali phambi kwela sango, jikela isiqu sakho ngaseNtshona.” Abantu bomnquba wam abalapha, bayawazi kaku- . . .ngela—ngela xesha. Injalo lonto.

¹⁶² Kwaye umhla uMnu. Goynes kunye nabo babephezulu phaya ngawo, baza bombela lapali, Ndathi kumfazi, “Kukho into malunga noku.”

Wathi, “Yintoni?”

Ndaza ndangena ndajonga encwandini yam encinci. Nantsiya yayiphaya.

¹⁶³ Kwaye ngala ntsasa ilandelayo, ngentsimbi yeshumi, ndihleli phaya, igumbi lam phaya, malunga nentsimbi yeshumi, iNgelosi yeNkosi yehla. Yathi, “Yiya eTucson. Uyakuba semntlampuma weTucson, kwaye phaya kuyakuza iiNgelosi ezisixhenxe zikwimbumba eyakushukumisa umhlaba wonke ngokungqonge wena.” Kwaye yathi, “Iyakuxelwa kuwe khona phaya.”

¹⁶⁴ Bangaphi abasakhumbulayo oko, apha, kwangaphambili kakhulu phambi kokuba yenzeke? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nangaya amadoda ehleli apha kwesi sakhiwo ngobu busuku, ayemi kanye phaya xana yenzekayo.

¹⁶⁵ Yathi, “Amatywina Asixhenxe eemfihlelo ezifihlakeleyo zeBhayibhile yonke azakuvulwa, kwaye kuzaliseke iSityihlelo i-10, sokuba ngoMyalezo weNgelosi yesixhenxe ezi zinto kufanele zenzeke.” Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile phambi kwamehlo ethu. Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.

¹⁶⁶ Kunyaka ophelileyo, ndimi kwindawo ekwanye, uMnu. Wood apha kunye nam, sinyuka ngenduli, kuhlobo lokuzila, malunga

nomfazi wakhe owayegula, uMoya oyiNgcwele wathi, “Chola ilitye elilele phaya. Ligibisele emoyeni. Xana lisehla, yithi, ‘ITSHO INKOSI, kuyakubakho umgwebo ubethe umhlaba.’ Mxelele ukuba uyakubona isandla sikaThixo, kwiiyure ezilandelayo.”

¹⁶⁷ Ndamxelela uMnu. Wood; ukhona ngobu busuku. Kwaye, ndiyaqikelela, isibhozo okanye ishume lamadoda, okanye ishumi elinesihlanu, ayephaya ngelaxesha xana yenzeka; kwintsasa elandelayo, xana iNkosi yehlayo ikwisaqhwithi yaza yakrazula intaba ngokujikeleze thina, yaza yasika umphezulu wemithi, yaza yenza udubulo oluthathu, yathi, “Umgwebo uya ngakuNxweme laseNtshona.”

¹⁶⁸ Iintsuku ezimbini emva koko, i-Alaska yaphantse yatshona phantsi komhlaba. Kwaye kusukela ngoko, ukunyukano-kwehla kuNxweme, imibhodlo yomgwebo kaThixo ngokuchasene nalamdiyadiya wokomoya. Kukho umdiyadiya wentsimbi, kukho umdiyadiya webamboo, kwaye kukho umdiyadiya wesono.

¹⁶⁹ Impucuko iye yahamba kunye nelanga; iye yanjalo neVangeli. Basuka empuma baze baya entshona, njengelanga lihamba. Kwaye ngoku Ikunxweme laseNtshona. Ayinakuya phambili; ukuba Iya phambili, Iyakubuyela empuma kwakhona.

¹⁷⁰ Umprofeti wathi, “Kuyakufika imini engayi kubizwa ubusuku okanye imini,” imini esibekeleyo, imvula eninzi nenkungu, nje okwaneleyo kokwazi ungajoyina njani icawa okanye ubeke igama lakho encwadini. “Kodwa kuyakubakho uKukhanya malunga nexesha langokuhlwa.” Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.

¹⁷¹ Elikwalinye—elikwalinye ilanga s-u-n eliphuma empuma lilanga s-u-n elikwalinye elitshona entshona. Kwaye okwamnye unyana S-o-n kaThixo osuka empuma kwaye wazingqinela Yena njengoThixo ebonakaliswe esenyameni, ngunyana S-o-n kaThixo okwamnye kwisiqingatha sengqokumba yasentshona apha, ezibonakalisa Yena phakathi kwebandla ngobu busuku, okwamnye izolo, namhlanje, naphakade. IZikhanyiso zangokuhlwa zikaNyana zifikile. Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile phambi kwethu.

¹⁷² Sipi kwesisigaba sika Abaham? Sipi kwelixesha likhulu esime kulo, iyure enkulu esiphila kuyo? Yonke imibono izalisekile.

¹⁷³ Malunga naphi xana umlungiseleli omncinci osisihlobo sethu apha, ibandla elingudade oliqabane lethu, uJunior Jackson, esiza ebaleka enyukela apha kuthi ngobunye ubusuku, mna ezantsi phaya, wathi, “Ndibe ne—nephupha, Mzalwana uBranham, ebelindikhathaza. Ndibone bonke abazalwana behlanganiselene phezu kwenduli.” Waza wathi, “Phezu kwale nduli, ubusifundisa kokuphuma kumbhalo obubhaliwe,

ukhangeleka ngathi, kwethile imibhalo elathi ixesha layikrola elityeni. Xana wagqibayo okuya, konke okwakugqityiwe, wasixelela, wathi, ‘Sondelani,’ saza sonke sahlanguana.”

¹⁷⁴ Wathi, “Ufikelele ndaweni ithile kwaye, kwakhangeleka, wafumana efana nomgqala waza wabetha umntla wale phiramidi incinci yavuleka. Kwaye, xana yenzayo,” wathi, “ilitye lenyengane lingenambhalo kulo. Waza wasixelela ukuba si ‘jonge phezu koko.” Kwaye nina nonke... “Sonke saqalisa ukujonga.” Wathi, “Ndajika intloko yam, ndaza ndakuqaphela usiya ngasentshona, nje ngamandla kangangoko wawunakho, ngasekutshoneni kwelanga.” Bangaphi abasalikhumbulayo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁷⁵ Kwaye ndema phaya ithutyana de uMoya oyiNgcwele wayityhila. Ndathi, “IBhayibhile yonke, nangona ibityhiliwe emntwini, ngogwetyelo, ngcwaliseko, ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ubhaptizo eGameni likaYesu, kunye nazo zonke ezi zinto, zibe zityhiliwe; kodwa kukho iimfihlelo ezifihliweyo ngaphakathi, ngokuba iBhayibhile itywinwe ngaMatywina Asixhenxe. Kufuneka ndiye phaya ndiyoyifumana.”

¹⁷⁶ Ngala ntsasa xana ezo Ngelosi zisixhenxe zehla zaqhushumbisa umhlaba, kwaye amatye abhabhela kuyo yonke indawo, IiNgelosi ezisixhenxe zema phaya zaza zathi, “Buyela emva eJeffersonville, apho usuka khona, kuba Amatywina Asixhenxe eemfihlelo ezisixhenxe ayakuvulwa.”

¹⁷⁷ Naku silapha, namhlanje, siqonda i*Mbewu Yenyoka*. Kwiintsuku ezimbalwa, ukuba uThixo uthandile, siyakuqonda okuchanekileyo ko*Mtshato NoQhawulo mtshato*. Kwaye zonke ezi zinto athe uThixo wazivula, lonke iTywina, iimfihlelo kusukela ekusekweni kwehlabathi. Kwaye sibe sikuvuyo, uBukhona beentsikelelo Zakhe! Leyo yinyaniso. Namhlanje, esi Sibhalo!

¹⁷⁸ ULindixesha u*Life* waphatha inkqaku layo, “Isangqa esingumnqa soKukhanya sinyukela esibhakabhakeni phezu kweTucson nePhoenix,” kwindlela ekwanye endithe ndanixelela phantse unyaka ngaphambi kokuba yenzeke, indlela ibiyakuba ngayo, kwaye njengonxantathu. Umfanekiso ujinga ebandleni ezantsi phaya. Nina abathabatha lalindixesha unayo. Nantsiya yayikho, nje ngokuchanekileyo. Bathi, “Ingamashumi amabini anesixhenxe eemayile ukuphakama kunye namashumi amathathu eemayile ukunqamleza.” Abakuqondi okwenzekayo. Yabonakala ingumnqa kwaye yemka ingumnqa.

¹⁷⁹ UMzalwana uFred Sothmann, uMzalwana uGene Norman kunye nam, simile phaya, isithathu bubungqina, njengaphezulu kwentaba: uPetros, uYakobi, noYohane, ukunika ubugqina, sema phaya saza sayibukela xana isenzeka, saza sayibona isenzeka.

180 Nantsiya Yona, indanda esibhakabhakeni; kude phaya, akukho kufuma, akukho mphunga okanye nanto ukwenza i—inkungu. Zazinokuza njani phaya? YayiziiNgelosi zikaThixo zibuyela emva, emveni koMyalezo wazo. Namhlanje esa siprofeto sibe sizalisekile phakathi kwethu. Namhlanje esi Sibhalo sibe sizalisekile.

181 Qaphelani, Amatywina Asixhenxe abe evuliwe. Isitshingitshane siya kuNxweme laseNtshona. Ngoku, sanukuyiphosa, njengoko benzayo emva ngaphaya.

182 Ngoku, umdla wethu, okukufutshanana kumhla wethu. Yintoni esiyitshoyo iSibhalo malunga namhlanje, namalunga nexesha esiphila kulo? UYesu ethetha... Andizukubanaxesha lokuzithabatha zonke, kodwa ndifuna ukuthabatha esi phambi kokuba sivale.

183 Wathi uYesu, kuNgcwele uLuka isahluko se-17, umqolo wama-30. UYesu Kristu, iLizwi ngokwaLo! Ingaba niyakukholelwa oko? UYesu Kristu, iLizwi ngokwaLo, lenziwe inyama, wathetha watsho oko iLizwi liyakuba kuko ekupheleni kwexesha, uyakuba yintoni umqondiso wesiphelo sexesha. Wasixelela sona isizwe siyakuvukelana nesizwe, kodwa Wathi, “Njengoko kwabanjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo ngomhla xana uNyana womntu etyhilwa.”

184 Ngoku, xana uYesu weza emhlabeni, Weza egameni looNyana abathathu: UNyana womntu, ntoleyo ingumprofeti; uNyana kaThixo; kunye noNyana kaDavide.

185 Ngoku, Yena wahlala apha emhlabeni. Akazange Yena athi unguNyana kaThixo, Wathi, “NdinguNyana womntu.” UYehova, Ngokwakhe, wabiza uHezikile kunye nabaprofeti, “nyana womntu,” ngokuba, kwafuneka eze Yena ukuzakuzalisekisa iSibhalo njengomprofeti. UMoses wathi, “INKosi uThixo wenu iyakunivelisela umProfeti ofana nam.” Eso sisizathu Wayengenakuba nguNyana kaThixo phaya, ngokuba WayenguNyana womntu. Yena... “ILizwi leza kuba profeti,” kwaye Yena wayeliLizwi kwinzaliseko Yalo, uNyana womntu u—umProfeti omkhulu, hayi umProfeti omkhulu, kodwa umProfeti-Thixo, “Inzaliseko yentloko buThixo isemzimbeni yayikuYe,” ngoko ke, WayenguNyana womntu.

186 Ngoku, okweminyaka engamawaka amabini, Ube esaziwa kuthi njengoNyana kaThixo, uMoya.

187 Kwaye kwiMillennium, Uyakuba nguNyana kaDavide, phezu kweTrone. Sonke siyakwazi oko, abakholelwa iZibhalo.

188 Ngoku, wathi uYesu, nje ekupheleni kwesi sigaba sebandla esiphila kuso, okokuba “UNyana womntu uyakutyhilwa kwakhona kuhlobo olunye olwalululo, njengoko kwakunjalo eSodom.”

¹⁸⁹ Qaphela indlela, ngokwasembalini, aWayinikeza ngayo. Wathi, “Njengoko kwakunjalo ngemihla,” kuqala, “kaNowa, indlela ababesitya, besela, betshata, betshatisa.” Ngoko Wazisa, okulandelayo, okokugqibela, kuNyana womntu, eSodom. Kuba, phaya Wayequbisana namaYuda; apha, eSodom, Uqubisana neeNtlanga. Phaya, Wazitywilisela zonke ngamanzi, emgwebeni; apha, kwiiNtlanga, Wazitshisa zona zonke kumhla weSodom. Injalo lonto. Ihlabathi leNtlanga latsha phaya, “kwaye ke iyakuba njalo xana uNyana womntu etyhilwa.” Ayisengomanzi, kodwa iyakuba ngumlilo ngeli xesha. UYesu wafunda ukusuka kwakule inye iGenesis ama-23 esifunda kuyo, xana Wafunda malunga neSodom.

¹⁹⁰ Ngoku, siyavuma iimeko ekuthethwa ngazo, zemeko zehlabathi leSodom, amaSodomi, imeko yeSodom. Thina, sonke ngabanye, siyakuthi “amen” kokuya. Siyakukholwa okuya. Kulungile.

¹⁹¹ Kwaye imeko yokomoya yaseLawodike, ibandla lemvelo, siyakuthi “amen” kokuya, size siyamnkele imiqondiso yalo. Siyayazi ukuba wonke umqondiso uphaya. Ibandla liseLawodike. Siyakwazi oko.

¹⁹² Siyayazi ihlabathi likwimeko yaseSodom. Ingaba kunjalo oko? Siyakukwamnkela oko.

¹⁹³ Kodwa malunganaphi nomqondiso ka Abraham, lowo wayelinde unyana wesithembiso? Lowo yayingomnye.

¹⁹⁴ Khumbulani, babeneSodom emva phaya; babenomthunywa wabo. Kwaye u-Abraham wayenoMthunywa kuye.

¹⁹⁵ U-Abraham wayelindle, usuku nosuku, ukwenzela, phantse into engenakwenzeka. “USarah, amashumi alithoba, kwaye naye ikhulu.” Ngokwesithembiso sikaThixo, wayesalindle. Phakathi kokugxekwa, wayelinde la nyana.

¹⁹⁶ Ke linjalo ikholwa lenyanso lisalindele la Nyana wesithembiso abuye! Qaphela, nje phambi kokuba wafika unyana, kwakukho umqondiso awawunikwayo. Awuzukuthi umqondiso wokuza koNyana utyhilwe kwimbewu ka Abraham yaseBukhosini elindele uNyana waseBukhosini, njengokufanayo njengoko kwakunjalo kubawo u-Abraham ngonyana wemvelo? Injalo lonto? Watsho njalo uYesu, apha kuNgcwele uLuka 17:30, “Ngaphambi kweli xesha lifike,” ukuba, “uNyana womntu uyakutyhilwa njengoko Wenzayo kwimihla yaseSodom, ngaphambi kokutshatyalaliswa kweSodom.” Ngoku sikhangelala umqondiso.

¹⁹⁷ Ngoku masithabathe iimeko zexesha njengoko kwakunjalo eSodom. Qaphelani, bonke baphuma baya kubuSodomi, ihlabathi.

¹⁹⁸ Ndinga omnye wababhexeshi bhanyabhanya wabeka emfanekisweni, kungekudala, kwaye ndayibona, leyo

yayiyi, *Sodom*. Ukuba wakhe wayibona kwaye akukho nto ingenye kuphela okuya, khawuyijonge. Ngokuqinisekileyo ngumfanekiso we United States namhlanje, iHollywood, nje ngokuchanekileyo; uhlobo olunye lokunxiba kunye nayo yonke into engenye abathe bayenza kanye ngelolixa; ukunxila okukhulu kunye nento yonke engenye, abantu bonqulo lomntu ngokwenkolo, ebizwa ngenkolo.

¹⁹⁹ Qaphela, kwaye iSodom yayinengqina, kwaye yayingumfo ogama linguLote, owayengumtshana nje ku—ku Abraham.

²⁰⁰ Ngoku, u-Abraham akazange ehle aye eSodom, yena neqela lakhe. Waye eneqela elikhulu kunye naye, eloneleyo ukulwa malunga neshumi elinesibini lookumkani nemikhosi yabo. Ke, wayeneqela elikhulu kunye naye. Kwaye wayehleli phandle phaya pantsi komthi wom oki, ngenye imini, xana yoke into yayingahambi kakuhle kuye; kwakungekho mntu yananto yakwenza naye, kodwa wayesabambebele kwesa sithembiso.

Qaphela ngoku, ngokusondeleyo, ngaphambi kokuba sivale.

²⁰¹ Ngelixa wayeleli phaya, kwehla kweza amadoda amathathu, ehamba esiya kuye. Amabini awo ehlela eSodom aza ashumayela iVangeli kubo, ukuba baphume, kuLote. Ingaba kunjalo oko? Kodwa Enye yahlala no Abraham. Qaphela, Lena yahlala no Abraham yayinguThixo Ngokwakhe. Amanye amabini ayengabathunywa ziNgelosi.

²⁰² Ngoku, ezantsi eSodom, abenzanga mimangaliso, kuphela bababetha ngobumfama. Kwaye ukushumayela iVangeli kusoloko kubabetha ngobumfama.

²⁰³ Ngoku jonga ekubekweni kwala mhla. Naliya ibandla lemvelo. Kusoloko kukwizithathu, njengoko benditshilo kubusuku obugqithileyo, uThixo umelwe. Kwakukho amaSodomi, amaLote, kunye nama Abraham. Ikwindawo ekwanye ngobu busuku, ihlabathi lihleli kanye ngolwahlobo.

²⁰⁴ Mandikhe ndinibuze into ethile. Jonga kokukuhlala ngoku. u-Abraham wabiza le Ndoda eyathetha naye, “Elohim.” Igama lesiHebhere u-*Elohim* lithetha “Lowo waneleyo, Lowo unguNaphakade Yena,” U-Elohim, uThixo Ngokwakhe!

²⁰⁵ Ekuqalekeni, iGenesis 1, yathi, “Ekuqalekeni uThixo...” Thabatha igama lesiHebhere phaya, nokuba, okanye igama lesiGrike, gxebe, “Ekuqalekeni u-*Elohim* wadala amazulu nomhlaba.”

²⁰⁶ Apha, Yena, kwiGenesis, malunga nama-22 apha, Utsho kwakhona, okanye—okanye malunga nama-20, Wathi, waza wabiza le Ndoda igama layo “Elohim.” Kutheni wayenzayo? UThixo, emelwe enyameni yomntu, leyo eyahlala no Abraham yaza yadla isandwitshi zethole, yasela ubisi oluthile, yaza yadla isonka esithile. UThixo Ngokwakhe, yaza yanyamala kanye phambi ko Abraham.

207 Kodwa Yona yamnika umqondiso. Qaphela. Kwaye lamqondiso yaba kukuba Yayiyizele ngomva waYo intente.

208 Kwaye khumbulani, u-Abraham igama lakhe lalingu *Abram* kwiintsuku ezimbalwa phambi kokuya, kwaye u*Sarah* yayingu Sarra phambi kokuya; S-a-r-r-a emva koko S-a-r-a-h, no A-b-r-a-m waya ku A-b-r-a-h-a-m. *Abraham* uthetha “yise wezizwe.”

209 Ngoku qaphelisisani ngenene apha, kwaye siyakubona ubume beyure esiphila kuyo ngoku, njengoko uYesu wasixelelayo ukuba sijonge esisimo. Sisibonile sonke saso kakuhle; ngoku masibone iMbewu yasebukhosini, sesiphi isimo efanele isibone.

210 Ngoku leNdoda yathi, “Abraham, uphi umfazi wakho, uSarah?”

Kwaye u-Abraham wathi, “Usententeni, ngasemva Kwakho.”

211 Ngoku, Wayengazange ambone yena. Wayazi kanjani Yena ukuba igama lakhe lalingu *Abraham*? Wayazi kanjani Yena igama lakhe lalingu *S-a-r-a-h*? “Abraham, uphi umfazi wakho, uSarah?”

Wathi, “Usententeni, emva Kwakho.”

212 Wathi, “Ndi . . .” “Ndi,” isimela bizo somntwiso. “Ndizakukuhambela ngokwesithembiso. Umfazi wakho uzakuba nolwa sana. Uye waNdithemba, ngoku ndizakuyenza yenzeke.”

213 Kwaye uSarah, ententeni, ngasemva, esiva okanye emamele, nantoni oyibiza ngayo, emamele ngaphaya kwentente, wahleka ngokufihlakeleyo, waze wathi, “Ngoku, mna, umfazi omdala njengoko ndinjalo, ndibe nokuzonwabisa nenkosi yam; kwaye nayo indala, ngokwayo, phandle phaya ikhulu leminyaka ubudala? Ngelixa, oku kwakungenzekanga okwemininzi, emininzi iminyaka.”

214 Kwaye iNdoda, N-d-o-d-a, ihleli phaya isitya, isenyameni yomntu, isela kwaye isitya njengomntu oqhelekileyo; inothuli ezimpahleni Zayo, kwaye inothuli ezinyaweni Zayo, kwaye u-Abraham waluhlamba. UThixo, Ngokwakhe, wabhekabeka, waza Wathi, “Kutheni na uSarah ehleka, emva ententeni, esitsho *oku*?” Wayeyazi, wayenokucalula iingcingane zikaSarah ententeni, ngasemva Kwakhe. Ingaba kunjalo oko?

215 Ngoku, xana iMbewu yaseBukhosini ka Abraham isiza emhlabeni, ngowuphi umqondiso Awawubonisayo? UNyana womntu. USimon weza kuYe ngenye imini; u-Andreya wamzisa. Wathi, “Igama lakho lingu Simon. Ungunyana ka Yona,” Watsho. Yabona, oko kwenza ikholwa kuye.

216 UFiliphu waya ngaphaya waza wafumana uNathaniyeli, wabuya. Wathi, “Yiza, ubone iNdoda Leyo esithe—esithe sayifumana: uYesu waseNazarete, unyana kaYosefu.”

217 Wathi, “Ngoku linda umzuzu. Ikhona na into elungileyo enokuphuma kokuya kubaxeka?”

Wathi, “Yiza, ubone.”

218 Ke xana uFilipu wenyukayo waza eBukhloneni bukaYesu, kunye noNathaniyeli, uYesu wakhangela ngaphaya kuye waza wathi, “Bonani umSirayeli kuye ekungekho nkohliliso.”

Wathi, “Rabhi, undazi nina na Wena?”

219 Wathi, “Phambi kokuba uFiliphu akubize, xana wawuphantsi komthi, Ndakubona.”

220 Wathi, “Rabhi, Wena unguye uNyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli!”

221 Xana umfazi omncinci equleni, kwimeko yakhe yokungaziphathi kakuhle, wenyukela, kwindawo encinci ebanzi ethile efana noku, ukuze akhe amanzi athile. UYesu wayethume abafundi Bakhe, ukuya kufumana ukutya. Xana wezayo ukuza kukha amanzi, Wathi, “Ndizisele amanzi, mfazi.”

222 Wathi, “Akuvumelekile ukuthi Wena ukutsho oko. Sinocalucalulo apha. Ngoku, nina maYuda aninanto yakwenza kunye nathi maSamariya; asinanto yakwenza nani.”

223 Wathi, “Kodwa, mfazi, ukuba ubusazi Ngubani othetha naye, ubuya kucela Mna amanzi. Ndandiya kukunika amanzi ungezi kukha apha.”

224 Wafumana apho imeko yakhe yayikhona, into eyayiyiyo. Wathi, “Hamba uye kubiza indoda yakho uze apha.”

Wathi, “Andinandoda.”

225 Wathi, “Uthethe inyaniso. Ubunamahlanu, kwaye lena ohlala nayo ngoku asiyoyakho.”

226 Wathi, “Mhlekazi, ndiyaqonda ukuba Wena unguye umprofeti. Siyayazi xa uMesiya efika Uyakusibonisa ezi zinto.”

Wathi uYesu, “NdinguYe.”

227 Kokuya, wabalekela esixekweni waze wathi, “Yizani, nizokubona uMntu Ondixelele izinto endakhe ndazenza. Ingaba Lona asinguye na uMesiya?”

228 Qaphela, Wakwenza okuya phambi kwamaYuda, namaSamariya, kodwa akazange kwiiNtlanga. IiNtlanga, thina bantu, sasingabahedeni ngalo mihla, ezinye izizwe, sithwele intonga kumhlana wethu, sinqula izithixo. Sasigakhangeli Mesiya.

229 Ubonakala kuphela kwabo abakhangela Yena, kwaye sifanele sibe sikhangela Yena.

230 Kodwa abo babanga ukuba bakhangela Yena, ibandla ngokwalo, xana babona okuya kusenziwa, bathi, “Ungumtyholi. Ungumvumisi, uBhelezabhule!”

231 Waze wathi uYesu, “Esa sono bayakusixolelwa,” ngokuba Wayengekafi. “Kodwa,” wathi, “ngenye imini uMoya oyiNgcwele uyakuza kwaye wenze into ekwanye, kwaye ukuthetha igama elinye ngokuchasene naLo akusayi kuxolelwa.” Lowo ngulomhla, apho lonke iLizwi kufanele lijinge ngokuhlangeneyo. “Thetha igama libe linye ngokuchasene naLo; ayisokuze ixoleleke kwelihlabathi okanye kwihlabathi elizayo.”

232 Leyo yayiyiMbewu yaseBukhosini ka Abraham. Kwaye nantsi la Mbewu yaseBukhosini ka Abraham, ethi ize ngenxa yokwakwaziswa kwalaNdoda ihleli phaya no Abraham, ize kubonisa ukuba yayikwanguThixo okwamnye, othenjiswayo kulo mhla, “Njengoko kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu, xana Ezityhila Yena njengoNyana womntu.” Amen. Lona ngumhla wokuba esi Sibhalo sizaliseke.

233 Jonga indlela esingayo namhlanje. Jonga ebandleni apho uNyana kaThixo...Jonga kumhla osibekeleyo. Jonga kuzo zonke iziprofeto. Ngoku, into engaqhelekanga, abatyeleli bethu kufaneleke bafike ngoko, ukuba ubume bufanele bube njengaseSodom.

234 Kwakukho amathathu awo esiza, amathathu abalaseleyo amadoda ethunyelwe esuka eZulwini. Siyakuvuma oko. Amathathu awo; Enye yahlala no Abraham. Onke aqala phaya, kodwa Enye yahlala no Abraham. Amanye ehlela eSodom. Ingaba kunjalo oko? Kwaye u-Abraham waguqulwa igama lakhe, ukusuka ku Abram ukuya ku Abraham. Nyani?

235 Akukho nalinye ixesha eyathi imbali, ibandla lehlabathi, lakhe lanomvangeli oya kulo, kunye negama eliphela ku h-a-m, de kube ngulo mhla, uBilly G-r-a-h-a-m. Ingaba injalo? UG-r-a-h-a-m, onobumba abathandathu. UA-b-r-a-h-a-m ngonobumba abasixhenxe. Kodwa uG-r-a-h-a-m ngonobumba abathandathu, ntoleyo ilihlabathi, umntu. Yabona?

236 Jonga kwaphuma ntoni phaya, namhlanje, ngabo abathunywa besuka eZulwini.

237 Ingaba ukhona umntu emhlabeni owenze inguquko ishunyalewe kakhulu ngokucace kakuhle njengoBilly Graham? Ingaba yakhe yakhona indoda eyakhe yanefuthe phezu kwabantu, njengo Billy Graham? Zange yakhona, kumazwengamazwe, indoda. Owu, uBilly Sunday, kunye nanjalo njalo, kwakulapha e-United States, Kodwa uBill Graham waziwa ihlabathi ngokubanzi. Yabona apho abiza khona? Phandle eSodom.

238 Kwaye uneqela elimkhaphayo phaya kunye nebandla lamaPentekoste, u-Oral Roberts.

239 Kodwa malunga naphi neqela eLanyuliweyo? Loluphi uhlobo lomqondiso elifanele liwubone? Yintoni abafanele babenayo? Haleluya! “Kuyakubakho ukuKhanya ngexa

langokuhlwa.” Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile. Namhlanje isithembiso sikaThixo sizalisekile. Siyakwazi oko ukuba yiNyaniso. Yena ulapha ngobu busuku njengoko wayenjalo Yena ngoko.

²⁴⁰ Ngoku, ukukushumayela, oko ndikutshiloyo ngethuba eligqithileyo, ukuba ushumayela nantoni kwaye iyiVangeli yeNyaniso, ngoko uThixo ubophelelekile ukuba akungqinele okuya. Ingaba yinyaniso oko? Ngoku, ukuba oko kunjalo, makathi uThixo owabhala iLizwi, makathi uThixo owenza isiprofeto, makathi uThixo onguThixo weLizwi, eze ngaphambili aze abonakalise ukuba Yena usenguThixo.

²⁴¹ Njengoko u-Eliya wenyukela entabeni; eqaphele, u-Elisha waya wabukela u-Eliya, wathi, “Ndifuna isahlulelo esiphindwe kabini.” Kwaye ingubo eyayiku Eliya yawela ku Elisha. Wehlela ezantsi, waza wayisoga kubini langubo waza wabetha umlambo, kwaye wathi, “Uphi uThixo ka Eliya?” Kwaye into ekwanye eyenzekela u-Eliya, yenzekela u-Elisha.

²⁴² Kwaye iVangeli ekwanye, aMandla akwamanye, uNyana womntu okwamnye owaye enguye izolo, unguye namhlanje, kwaye uyakuba nguye naphakade. AmaHebhere i-13:8. Ingaba niyaYikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoko, ndiyanibuza. Andinakuba nguYe, kodwa Yena ulapha. Singabathwali nje kuphela.

²⁴³ Abanye benu bantu phandle phaya, abagulayo nabaxhwalekileyo, abaziyo ukuba andinazi, vumela uThixo ngoku. . . ukuba ndingazithoba ngokwaneleyo. Thandazani nize nicele uThixo.

²⁴⁴ Andiqikeleli. . . Akukho khadi lokuthandazela esakhiweni, ingaba likhona? Hayi, andi. . . Asizange sakhupha nalinye lamakhadi okuthandazela. Sizakuba nomhlango wokuthandazela e. . . okanye ukuphilisa abagulayo, ebandleni. Kodwa, thandazani.

²⁴⁵ Kwaye niyayazi ukuba ndingongaziwayo ngokupheleleyo. Yabona, niyandazi, Jeffersonville! Andifuni abantu abasuka eJeffersonville ukuba bakwenze oko. Ndifuna abantu abasuka kude abasuka apha ndaweni ithile. Khangela ukuba uThixo usatyhila! Khangela ukuba Usenguye izolo, namhlanje, naphakade!

²⁴⁶ Yenzani ngokufana nakwenzileyo umfazi omncinci. Wegqitha waza wathi, “Ndiyayikholelwa leNdoda.” Waye enethombe legazi, kwaye wathi, “Ukuba ndingachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, ndiyakholwa ndiyakuphiliswa.” Ingaba kunjalo oko?

²⁴⁷ Ngenxa yokholo lakhe, la mini, iSibhalo sazaliseka. “Ubopha intliziyo zabophuke intliziyo, waphilisa abagulayo nezilima.”

248 Xa wachukumisa ingubo Yakhe, waza waphuma waya kuhlala phantsi, Waphethuka waza wathi, “Ngubani oNdichukumisileyo?” Ngekuba Wayazi njani, kulangxokolo ingakaya yabantu, mhlawumbi amashumi amathathu aphindiweyo koku kulapha ngobu busuku, amawaka abo? Wayazi njani Yena? Wathi, “Ngubani oNdichukumisileyo?” Akazange akutsho oko nje ukukutsho; wakupsho oko ngokuba kwakuyinyaniso. Kwaye Wathi, “Ngubani oNdichukumisileyo?” Kwaze kwangoko Wabhekabheka waza wambona umfazi omncinci, apho wayehleli okanye emile, nayiphina indawo awayekuyo, wamxelela ithombe lakhe legazi laliphelile.

249 YayinguYesu izolo. Nguye namhlanje. Niyakukholelwa oko?

250 Andikwazi; uThixo uyakwazi. Kodwa uneentlungu ecaleni lakho, ezikukhathazayo. Injalo lonto. Uhleli phaya uthandaza malunga nayo. Ndingongaziwayo kuwe, kwaye singabangazaniyo omnye komnye? Phakama, ukuba kunjalo. Andikwazi. Yile ndoda kanye apha ekujikeleni, lomfo usemtsha. Nawe unomqala ongalunganga. Injalo lonto. uyathandaza malunga noko. Uphakuphaku wonke malunga nento ethile. Kuzakufuneka uwushiye umhlangano ngokuba, ungumlungiseleli, uneembophelelo ekufuneka uzihoye. Injalo lonto. Uh-huh. Uyakholelwa uThixo uyayazi ungubani? Mfu. Mnu. Smith, ngoku unгахamba uze uphiliswe. UYesu Kristu ukuphilisile. Yiya emhlanganweni wakho; umqala wakho awusayi kukukhathaza.

Ngubani amchukumisileyo?

251 Kukho indoda ehleli kanye emva *apha*; iva ubunzima. Unethumba kumphunga wakhe wangasekhohlo. Aka... Asiyoyalapha. Ube ungumsebenzi mgodini. Injalo lonto. Ndingongaziwayo ngokupheleleyo kuwe. Ukuba oko kunjalo, shukumisa isandla sakho. Ithumba likumphunga wakho wangasekhohlo, kwaye uzakutyandwa kwamsinyane. Injalo lonto? Akungowalapha. Usuka ngaphandle kwedolophu. Usuka eVirginia. Injalo lonto. Uyakholelwa uThixo uyakwazi ungubani? Mnu. Mitchell, injalo lonto, goduka uze uphile. UYesu Kristu ukuphilisile. Buza indoda! Zange ndayibona, ebomini bam. Ibihleli phaya, ithandaza.

Namhlanje esi Sibhalo!

252 Nali inenekazi lihleli kanye emva apha, ngasemva kwam, njengoSarah wayesententeni. Lithandazela intombi. Phakama. Intombi ayikho apha; ikude, intombi. Kwaye ukwamnye njengoko kwakunjalo xana umfazi weza kuYesu, owayenomfazi owayehlutshwa ngokwahlukeneyo lidemoni. Umfazi u... intombazana iphethwe lidemoni. Ayikho apha. Isuka... Usuka eMantla eCarolina. Uyakukholelwa oko? Kwaye oko yinyaniso, ayinjalo? Nkskz. Orders, unagagoduka. Ukuba uyakukholelwa ngentliziyo yakho yonke, uyakuyifumana

intombi yakho njengoko yafunyanwayo xana uYesu Kristu kwimihla eyadlulayo, wathi yayiphilisiwe.

²⁵³ Namhlanje esi Sibhalo; umqondiso waseSodom, umqondiso weyona Mbewu, umqondiso webadla lemvelo! Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile phakathi kwenu. Ingaba niyayikholelwa?

²⁵⁴ Niyakumamnkela na Yena kanye ngoku njengoMsindisi noMphilisi wenu? Yimani ngeenyawo zenu, wonke ngamnye kuni, athi, “Ndiyayamkela impiliso yam. Ndiyamamnkela Yena njengoMsindisi wam. Ndiyamamnkela Yena njengoKumkani wam.” Ngamnye yimani ngeenyawo zenu.

Namhlanje! Phulaphulani, zihlobo.

²⁵⁵ “Wafunda iSibhalo, wanikezela iBhayibhile emva kumbingeleli, waza,” wathi, “onke amehlo abantu ayondele kuYe. Waze Wajonga kubo, waze wathi, ‘Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.’”

²⁵⁶ Ndifunde iSibhalo, kunye neqela okanye obungaphezulu ubungqina bokokuba siphila kumhla wokugqibela, isizukulwana esiyakumbona uYesu Kristu ebuyela emhlabeni. Kwaye ndiyatsho kuni ngobu busuku, kwakhona, namhlanje esi Sibhalo sizalisekile emehlweni enu.

²⁵⁷ Nina eTucson, nina eCalifornia, nina eNew York, kulamaqhagamshelo emfonomfono, namhlanje esi Sibhalo sizalisekile emehlweni enu.

²⁵⁸ Masivuye kwaye sigcobe, kuba uMtshato weMvana usondele, kwaye uMtshakazi Wakhe . . . UMtshakazi Wakhe Uzilungisile.

²⁵⁹ Masiphakamiseni izandla zethu kwaye siMnikeni uzuko, nonke bantu. UThixo anisikelele.



NAMHLANJE ESI SIBHALO SIZALISEKILE XHO65-0219
(This Day This Scripture Is Fulfilled)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoLwesihlanu, ngoFebhrwari we-19, 1965, eParkview Junior High School eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2023 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org